## IMIBONO, IINJONGO, IMINQWENO NEZICWANGCISO ZAMACEBO

Xa kufikelelwa ku2030 uMasipala weSithili iHarry Gwala District Municipality uzakube unkqenkqeza phambili ngokuhambisa amanzi kuluntu kwiPhondo iKwaZulu-Natal. Uluntu luyakube lungcamla ngamandla kwezolimo nokhenketho.

## ISICWANGCWISO ESIQULATHIWEYO

Isebenzisana nabantu nabanye ababandakanyekayo iHarry Gwala District Municipality Iyakuqinisekisa ukubonelela ngamanzi acocekileyo, aselwayo angapheliyo neendawo zogutyulo ngokunjalo enze iinzame zokuphucula amacandelo ezolimo nokhenketho ukuze Impilo nentlalo yabantu ibengehloniphekileyo inangakumbi.

## ISISEKO SEMIGQALISELO ENGUNDOQO

Ukutyhileka • Ukubonakala Ngengxelo • Ukusabela Izimvo • Ukuzimisela nokunyaniseka



# ISIQULATHISO


| | |
|---|---|
| Ilizwi loMhleli | 04 |
| Amazwi Esikhokelo ka-Sodolophu | 05 |
| Amazwi kaMeneja kaMasipala | 07 |
| UMasipala waseHarry Gwala iBhunga Elikhulu | 08 |
| Kwethulwa ingxelo ye-Blue Drop | 10 |
| Kusetyenziswa izikolo ukusungula iSouth Africa's Digital Lab kwezoqoqosho e-Ixopo | 11 |
| Intlanganiso yokuqala yeBhunga | 12 |
| I-Harry Gwala ityelela izikolo | 14 |
| Impucuko ikhokhelela kulawulo lwasekuhlaleni oluhloniphekileyo - uSodolophu wesiThili uNxumalo | 16 |
| Kunikezelwe ngeeDunlop Fitment Centre kwisiThili iHarry Gwala | 17 |
| Izixhobo ezintsha ukuqinisa uhanjiso lweenkonzo | 18 |
| Icandelo lezezimali eHarry Gwala liqaqambile kuthweso zidanga | 19 |
| USodolophu Nxumalo noosodolophu basekuhlaleni kwisiThili bathetha ngokuhanjiswa kweenkonzo | 20 |
| Kunikezelwe ngeziqinisekiso kwabaqeqeshelwe ukuqhuba iTLB | 21 |
| Ukusungulwa kwenkxaso mali yokuxhamla kwi-broadband, iprojekthi karhulumente yokukhuthaza ingqesho kuMasipala Wesithili iHarry Gwala | 22 |
| Kukhunjulwa owayesakuba nguSodolophu | 23 |
| Uluntu lwase-Ixopo lubhiyozela inkqubo kaMphathiswa Nkonyeni yamandla ezoqoqosho | 24 |
| Iziko Lolawulo Lwezentlekele: Ingxelo Yezehlakalo | 25 |
| Isiphehli-manzi iSummerfield kwisigaba sesibini | 27 |
| Isiphehli-manzi i-Mazizini Water Supply Scheme | 28 |
| Umlawuli weenkonzo zamanzi unethemba lokuphucula uqokelelo lwezimali, uphuhliso lwezemisebenzi kunye namathuba emisebenzi | 29 |
| UMphathiswa Khoza ukhuthaza ukuzibandakanya kwezoqoqosho ekuhlaleni | 30 |
| Uhlahlo Lwabiwo Mali Oluphononongiweyo lwama2023/2024 | 31 |
| U-Masipala wesiThili iHarry Gwala kunye noomasipala bawo basekuhleleni basungula i- LGBTQIA+ | 32 |
| Kwakhiwa indlela exabisa izigidi kwiphulo lokuphucula ezoqoqosho ezilalini | 33 |
| IsiThili sisebenzisa ezemidlalo ukuthumela umyalezo wokupheliswa kweGBV | 34 |
| UNxakanxaka uphinde waphumelela kwiHarry Gwala Summer Cup | 35 |

# Silusa kubantu, lolwabantu!!!



**UMnu uNdabezitha Tenza**
Umphathi Wezokuxhumana

NDIYABHOTISA kuni nonke bafundi bethu abathandekayo. Kuluvuyo ngalo lonke ixesha ukuniphathela ingxelo ngayo yonke imiba yokusiwa kweenkonzo nophuhliso elingundoqo kumasipala wethu. Lindelani olu shicilelo rhoqo ngekota. Sithanda ukwenza umbulelo ngoku-ngazenzisiyo kuni nonke ngenkxaso yenu engagungqiyo kushicilelo lwethu.

Siyazingca ngokunika abafundi bethu kunye nabahlawuli beenkonzo zikamasipala ulwazi oluphangaleleyo ngalo lonke ixesha. Ukungafihli makhuba xa siqhulunqa okanye sishicilela iingxelo zethu kwenza ushicilelo lwethu luthathelwe phezulu ngokuthembeka.

Xa siqala unyaka omtsha, ndithanda ukubulela, ndikwaqhwabela izandla kwiqela lam endixelenga lezonxibelelwano, ngokuwongwa njengelona qela eliququzela eliphala phambili kumsebenzi walo ukuququzelela uluntu kwiphulo likaMasipala lokuqokolelwa kwezimali ngaphantsi kweqonga i-Salga kumagosa ezonxibelelwano kuzwelonke ebizwa nge Salga National Communicators Forum ngolwasemzini, nebibanjelwe eThekwini e-ICC ngomhla we-12 kweyoMnga 2023.

Le mbasa ayiquki isikhokhelo sam kuphela kwicandelo lezonzibelelwano, koko ingqina isakhono sam sokuphuhlisa nokuphumelelisa amacebo, ulwazi oluphangaleleyo kwezonxibelelwano, okuquka ukuhambisa nokubaluleka kolwazi ngokwenzekayo kubahlawuli beenkonzo zikamasipala, ingakumbi uluntu lwethu. Kuqhutywe iindibano noluntu kwimiba yokuhanjiswa kweenkonzo, kuquka ukunikezelwa kweekhalenda koomasipala bethu.

Ezi nkqubo ezinje ngezi zivala umsantsa phakathi kwethu nabahlali. Nangona sele kusetyenziswa ubuxhakaxhaka bonxibelelwano, uluntu lwethu lusaxabise iindlela zikandalashe zonxibelelwano, ezifana neekhalenda ezixhonywa edongeni. Indlela yethu yonxibelelwano iquka unxibelelwano lukandalashe kunye nonxibelelwano lobuxhakaxhaka balemihla. Le dlela iyimpumelelo kucwangciso lwethu lwezonxibelelwano, kungoko sele kukhutshwe uluhlu lweentlanganiso zika2024, nokuzakuncedisa abahlawuli beenkonzo zikamasipala kunye namasebe karhulumente ukwenza izincwangciso kwangoko.

Emva kwezehlo ezimbi zezikhukhula kwiinyanga ezimbalwa ezigqithileyo, sithanda ukwenza umbulelo ongazenzisiyo kwiqela lolawulo lwezentlekele, obelumaxhapheshu luncedisa ukunciphisa umonakalo nokudibanisa iingxelo ngalo lonke ixesha.

Singumasipala sinqwenelela uMnu. Lindumusa Gwala konke okuhle kumsebenzi wakhe omtsha njengoMlawuli weSebe leeNkonzo Zamanzi. Njengolawulo nomhlinzeki weenkonzo zamanzi, mkhulu umsebenzi osezandleni zikaMnu. Gwala, kuquka ulawulo lweeprojekthi zikamasipala zamanzi nogutyulo lwelindle.

Lo nyaka siwuqale kakuhle nanjengoko kunikezelwe ngeziqinisekiso kubaxhamli beTLB Youth Skills Development Training Program, nguMasipala wesiThili iHarry Gwala. Le nkqubo ayibaniki thuba lengqesho kuphela, koko ikhuthaza amathuba alinganayo kulutsha. Njengenxalenye yokuphuhlisa ngolwazi kumasipala, iqela labasebenzi becandelo lezezimali lithweswe izidanga kwizifundo zeProject Management, Municipal Finance Management Programme, kunye nePublic Administration eFachs International College kwEyeNkanga 2024. Ezinkqubo zivunywe nguService SETA, PSETA kunye noLGSETA. Icandelo lophuhliso laseHarry Gwala (Harry Gwala Development Agency), libambisene neSumitomo Rubber SA (nebisaziwa ngoDunlop) linikezele ngamaziko okulungisa amatayara angaphaya kwesine kuphuhliso lolutsha. Ukusebenzisana namasebe karhulumente kube luncedo kakhulu nokungqinwa luluntu. Uluntu lwaseKokstad lukwamkele ngezandla ezishushu ukusungulwa kweBroadband Access ngumphathiswa wezonxibelelwano nezobuxhakaxhaka, nenjongo yayo ikukuxhasa iinkampani ze-Internet ngokuxhuma amakhaya angama 50 000 kunye neendawo zoluntu zokuxhuma kwi-Wi-Fi ezingama 3 000. Kulo mxhelo omnye, umphathiswa wezoqoqosho KwaZulu-Natal uPeggy Nkonyeni utyelele isithili sethu ukukhuthaza kwezoqoqosho kumashishini nakuluntu luphela.

Usodolophu uCeba Z. D. Nxumalo umeme oosodolophu boomasipala bobane basekuhlaleni, kwinkqubo kanomathotholo Igagasi FM, kwinyanga YoMnga 2023, ukuze banxibelelane noluntu lwethu ngokuhanjiswa kweenkonzo.

I-Harry Gwala Summer Cup, eqhutywa rhoqo ngonyaka, nebibanjelwe eDazini Horseracing Track ngenyanga YeNkanga 2023 ibe yimpumelelo. Siwugqibe unyaka ka2023 ngeendaba ezibuhlungu zokusweleka kowaseyakuba ngusodolophu wesiThili, uCeba. Jini Khoza kwEyeNkanga 2023. Wanga umphefumlo wakhe ungaphumla ngoxolo.

Kude kube lixesha elizayo!



**UNKS NONTUTHUKO NGUBANE**
UMXHUMANISI WOMPHAKATHI NOMASIPALA (PRO)

**UMNU LINDOKUHLE CHILIZA**
USEKELA MLAWULI: UMCWANGCISI KWEZONXIBELELWANO KWISITHILI (GCIS)



# Yizani ngobunintsi benu ukuzovota

### Unyaka omtsha

SINGENE simaxhapheshu kulo nyaka omtsha, egameni leBhunga lesiThili iHarry Gwala, ndithanda ukuninqwenelela konke okuhle kwiinyanga ezishiyekileyo zonyaka. Olu lushicilelo lokuqala lonyaka. Luzakuphuma rhoqo ngekota kwaye abalawuli bethu, ngesikhokhelo soMphathi Masipala, bazakuqinisekisa oku, nanjengoko eli kuliqonga esinika ngalo ingxelo kuluntu kwisiThili sethu, ngeenkqubo ezenziwe sisiThili.

Siqale unyaka kakubi emva kwemibiko yokutshona kwabantu abathathu kwisiThili iHarry Gwala kwizikhukhula, kwEyoMqungu. Imo yezulu engekho ntle ibonisa ukuba ukutshintsha tshintsha kwemozolu sele kutshintshe okusingqongileyo, ezoqoqosho, kwaye izakuqhubeka ukulawula iimpilo zethu. Njengo lawulo lwamanzi, imozulu ithabatha inxaxheba kukhuseleko lwamanzi, ukutshintsha tshintsha kwayo, ukusuka kwiimvula ezimandla ezikhokhelela kwizikhukhula ekuhlaleni, konakale izakhiwo nokulahleka kobomi. Amaza obushushu akhokhelela kwimozulu eyomileyo afaka uxinzelelo kwiimpilo, nanjengoko imozulu eyomileyo ikhokhelela kwimbalela. IsiThili kufanele sihleli siqaphele iziphumo zemozulu ukuze senze umsebenzi wethu ongundoqo wokuhlinzeka ngamanzi.

### Iindaba ezimnandi zezokuba isiThili sethu noomasipala basekuhlaleni, abalandelayo

Umasipala iGreater Kokstad kunye nomasipala iDr. Nkosazana Dlamini-Zuma, baphephezelise i-flag yethu kumsitho wewonga iKwaZulu-Natal Department of Cooperative Governance and Traditional Affairs Annual Municipal Service Excellence Awards, nebezibanjelwe ePietermaritzurg City Hall kutshanje. Iinjongo zalo msitho kukukhuthaza oomasipala ukuphucula indlela abasebenza ngayo, iziphumo, nokuphucula ukuhanjiswa kweenkonzo, kwanoku khuthaza ukulandela imithetho. Oomasipala bazigqatse kumacandelo alishumi nesixhenxe aqondene neenkqubo ezohlukeneyo zikamasipala.

### IsiThili sethu sifumene iimbasa ezilandelayo:

**Best Performing District Expanded Public Works Programme:** Harry Gwala District Municipality
**Best performing Ward Committee:** Ward 1 eGreater Kokstad Municipality
**Best Managed Electricity Project by Municipality:** Dr Nkosazana Dlamini Zuma Municipality



**USodolophu waseHarry Gwala uCeba uZ.D Nxumalo**

**IsiThili kufanele sihleli siqaphele iziphumo zemozulu ukuze senze umsebenzi wethu ongundoqo wokuhlinzeka ngamanzi.**

**Sithi huntshu! KuMasipala wesiThili** nakooMasipala i-GKM kwakunye neDr. NDZ, ngokuphumelela ezi mbasa ezibonisa ukuba ingingqi yethu iqhuba kakuhle.





**Bekuyimincili kubafundi ngethuba uMasipala wesiThili iHarry Gwala utyelele izikolo kwinkqubo iBack to School.**

### Ingqubo yokubuyela esikolweni

IsiThili sethu kunye Harry Gwala Development Agency (HGDA), batyelele izikolo ezohlukeneyo, injongo yale nkqubo kunye nenkqubo yokujonga izikolo kukukhuthaza abafundi ngokubaluleka kwemfundo. Izikolo ezityelelweyo ziquka iThembalethu Senior Secondary, iMount Currie Senior Secondary, iNkomose High School, i-Ixopo Village Combined School, iLeshman High School, iQulashe High School, iMfulamhle Combined School kunye neClydesdale Senior Secondary. Ezi zikolo zifumene iikhalenda, iidiary, iiScience Kit, iivoucher zokuthenga ii-uniform zesikolo nezinye izixhobo zokufunda.

### I-Harry Gwala District Marathon

IsiThili sele siqalise amalungiselelo okusingatha iHarry Gwala District Marathon, eqhutywa rhoqo ngonyaka, ezakubanjwa ngomhla wamashumi amathathu ananye kwEyoKwindla 2024, izakuqala kwisikhululo samapolisa e-Ibisi, iphelele e-Ixopo High School. Kule Marathon, kubakhona iimbaleki zakwisiThili, kwiphondo, kuzwelonke nakumazwe aphesheya kolwandle. Imarathon yakulo nyaka izakuquka imidyarho i42.2km ethandwa kakhulu, i21km esisiqingatha sale marathon, i10km kunye ne5km yolonwabo. Ixabiso lokungenela lisuka kuR100 ukuya kuR350. Iimbaleki ezinomdla azingethandi ukuphoswa ngulo mdyarho oneendawo ezintle okugijinywa kuzo. Okubaluleke kakhulu, abaxhasi balo mdyarho baziqonda kakuhle zonke izidingo zeembaleki, nanjengoko wonke amehlo ejonge kuzo, baqinisekisa ukuba bafumana unakekelo olusezingeni eliphezulu. Umdyarho walo nyaka uzakuba yimpumelelo nawo kwaye simema wonke umntu ukuba akhawuleze angenele, ukuze abeyinxalenye yalo mdyarho nanjengoko siqinisekisa ukuba bazakonwaba, kwaye ukuvavanya amandla akho kubalulekile.

### OoCeba nabasebenzi beenkonzo ezibalulekileyo

Ndingaba ndenza impazamo enkulu xa ndinokungancomi abasebenzi beenkonzo ezibalulekileyo noogxa bethu ooCeba, ngokusebenza nzima kwabo ngexesha leziyunguma zokuphela konyaka. Ukuzimesela nokuzinikezela kwabo kwizidingo zoluntu kwingingqi kubonakale ngokuba bencedise uluntu nanini na xa bedingeka. Le yintshumayelo yethu yokuba siphucuke kwisiThili, kufanele sinakekelane kwaye sinakekele uluntu lwethu ngaphezu kwemithetho esiyibekelweyo. Siyabulela ngomsebenzi nokuzimisela enikwenze ngexesha leziyunguma zokuphela konyaka, kwaye sizakuqhubeka ngalo mxhelo omnye ukwenza umsebenzi wethu kude kuphele unyaka.

### Votani, lilungelo lenu

Xa ndizakuvala, ndivumeleni ukuba ndikhuthaze wonke umntu onelungelo lokuvota kwisiThili sethu, ukuqinisekisa ukuba ngomhla wamashumi amabini nethoba kuCanzibe 2024, baphuma ngobunintsi babo ukuyovota. Eli lilungelo labo. Ukuvota lilungelo elibalulekileyo lethu singabemi boMzantsi Afrika kwaye masingalibali ukuba uninzi lwethu lavinjwa eli lungelo iminyaka emininitsi. Ngaphezu koko, ukuvota kubonakalisa ukuzinikezela kuthi, kumntu ngamnye nakwi lizwe liphela.

# Masibambisane kwilinge lethu lokuphucula ukuhanjiswa kweenkonzo



**uMnu uGamakulu Ma-Art Sineke**
uMphathi kaMasipala

BHOTHANI kuni nonke bahlawuli beenkonzo zikamasipala, nikwangabafundi boshicilelo lweeNdaba zoMasipala wesiThili iHarry Gwala. Kuzo zonke izizathu zobukho bolu shicilelo, okubaluleke kakhulu kukuba uliqonga lonxibelelwano lokunika ingxelo kuluntu. Uxanduva lwethu kukusebenza kunye ukuqinisekisa ukuhlinzeka ngamanzi acocekileyo, aselekayo, afumaneka ngalo lonke ixesha kunye nogutyulo lwelindle olusulungekileyo, ukuze siphucule isidima kuluntu. Singu masipala wesiThili, oku sikuphumelela ngenxa yamaqonga ohlukeneyo onxibelelwano, awafana neli, apho sinxibelelana nokunika ingxelo ngomsebenzi esele siwenzile kwizicwangiso zethu kuhanjiso lweenkonzo.

U Section 72 (1) we Local Government Municipal Finance Management Act No. 56 wama 2003 kunye ne Preferential Procurement Policy Framework Act No. 5 of 2000 kwakunye neMunicipal Performance Regulations, ulungiselela umphathi kamasipala ukufumana inkqubo yomasipala kwisiqingatha sokuqala sonyaka mali, iingxelo zenyanga zonke zezimali, inkqubo yokuhanjiswa kweenkonzo, izicwangciso zokuhanjiswa kweenkonzo kunye nomsebenzi, ngokwezicwangciso zokuhanjiswa kweenkonzo kunye nokusungulwa kohlahlo lwabiwo mali.

Umthetho nawo unika igunya kumphathi lokuphononongа nokunika iingcebiso kuphononongo lohlahlo lwabiwo mali. Kungoko ke siphononge uhlahlo lwabiwo mali kwiseshoni yocwangciso ebesiyibambe kutshanje. Ngohlahlo lwabiwo mali esinalo singumasipala, siqinisekile ukuba sizakufezekisa zonke izicwangciso zethu kweli xesha elishiyekileyo lalo nyaka mali nakwilixa elizayo. Sibe neengxoxo malunga nengxelo yenkqubo yaphakathi nonyaka, ngezicwangciso ezingafezekiswanga, saziphophelela ekuhlangabezeni nemiceli mngeni echongiweyo.

Sele kwenziwe izicwangciso zohlahlo lwabiwo mali ezizakuthiwa thaca kwiBhunga, zizakupapashwa zisiwe kuNongxowa wephondo kunye nokazwelonke ukuze baziphononongе.

Ndinemincili ukunazisa ukuba sisekhondweni elilungileyo kwezolawulo lwezimali. Sifumene iziphumo ezingena chaphaza kuMphicothi omkhulu kwimiba ebalulekileyo esiyenzayo. Ulawulo olulungileyo lugunyazisa umphathi ukuba alungise ingxelo yezimali ukuze isiwe kuMphicothi omkhulu, kwaye, singuMasipala wesiThili sikwenzile oko. Sinqwenela ukuva izimvo zenu malunga nezicwangciso zohlahlo lwabiwo mali, ezizakubhalwa kutyelelo lwe-IDP nohlahlo lwabiwo mali.


Xa ndigqibezela, ndithanda ukubongoza bonke abahlawuli beenkonzo zikamasipala noluntu lonke, ukuba nisebenzisane nathi ukuze siqhubeke neenzame zethu zeenkqubo zokuhanjiswa kweenkonzo.

Ndiyabulela!

## ABAPHATHI ABAKHULU



**UMNU UKHULANI MTHEMBENI BRIAN MZIMELA**
Imanejala kaMasipala kwiCandelo Lezezimali



**UNKSZN UNTOMBIFUTHI NOMVUSELELO FORTUNATE BUTHELEZI**
Imanejala kaMasipala kwiINkonzo yeNtlalo kunye noCwangciso loPhuhliso



**UMNU UNKULULEKO BIYASE**
Imanejala kaMasipala Iinkonzo Zezakhiwo / Ibambela



**UNKK UTHOBILE THELMA THIYANE-MAGAQA**
Imanejala kaMasipala KwiCandelo Lezemisebenzi



**UMNU ULINDUMUSA GWALA**
Mlawuli: Iinkonzo Zamanzi

# KWETHULWA INGXELO YE-BLUE DROP

## Injongo yesiqinisekiso se-Blue Drop

INKQUBO yesiqinisekiso se-Blue Drop kukuchonga ize ikhangele iindlela ezifunekayo kumasipala wolawulo lweenkonzo zamanzi. Injongo kukuqinisa nokuphucula izinga lolawulo lwamanzi aselwayo eMzantsi Afrika. Uphicotho lwe-Blue Drop yindlela yokukhuthaza nokwenza umthetho ophathelene nobungozi oqhutywa ngayo eMzantsi Afrika. Umthetho ubalulekile ukuqinisekisa ukuhanjiswa kweenkonzo zamanzi acocekileyo awoneleyo, anconyiweyo ziingcaphephe eMzantsi Afrika, angqinwa nangoogxa babo kumazwe aphesheya. Indlela elungileyo yomthetho ibonakala ngesakhono sokucacisa okufunekayo nemibandela ebekwe kumaziko eenkonzo zamanzi, nekhusela abaxhamli kwiinkonzo ezinobungozi nezingakuselekanga.

Isiqinisekiso se-Blue Drop sikhule kakhulu kwaye siyesekwa kwiinkonzo zamanzi eMzantsi Afrika, ukusukela ukusungulwa kwaso ngomhla weshumi elinanye kwEyoMsintsi. Lo mbono waqalwa ziinkqubo ezimbini: iBlue Drop Certification for Drinking Water Quality Management Regulation kunye neGreen Drop Certification for Wastewater Quality Management Regulation. Lo mbono wandiswa ngenkqubo yesithathu: iNo Drop Certification for Water Conservation and Demand Management, kwingxenye yeenkonzo zamanzi. Inkqubo iBlue Drop ikala, iqhathanise iziphumo zokusebenza kwamaziko eenkonzo zamanzi, inike iwonga (okanye isohlwayo) kwelo ziko emva kokufumana ubungqina bempumelelo (okanye ukungaphumeleli), ngokwemiqathango yomthetho.

## Amanqaku eBlue Drop

Izimphumo ezinkulu zophicotho lweBlue Drop 2021-2022 zezi:

- Amanqaku eBlue Drop kwiziko ngalinye lamanzi elihloliweyo, apho kudityaniswa amanqaku omasipala, abalwa ngomyinge ekhulwini (%). Amanqaku eBD aquka konke ukusebenza kwabahlinzeki ngeenkonzo zamanzi okanye iibhodi zamanzi, apho kwenziwa khona la malungiselelo.
- Amanqaku ezobungozi eBlue Drop kwiziko ngalinye leenkonzo zamanzi, abalwa ngomyinge ekhulwini (%)
- Ukuhlolwa kokusebenza kwesiza kwisithuba esibekiweyo sokucocwa kwamanzi kunye noxhumano lweenkonzo zamanzi okuhloliweyo, kubalwa ngomyinge ekhulwini.

Amanqaku eBlue Drop (%) anikwa iziko ngalinye leenkonzo zamanzi ngokweziphumo zenkqubo yophicotho, ekala ukusebenza kuqhathaniswa nemisebenzi emihlanu (KPA), kunye namawonga okanye izohlwayo. I-KPA nganye, kunye nesimo, zinezikali ezohlukeneyo, ngokubaluleka kwemithetho. IBlue Drop KPA zezilandelayo:

1. Ulawulo lobukhulu;
2. Ulawulo lezinga lobungozi kumanzi aselwayo;
3. Ulawulo lwezezimali;
4. Ulawulo lokusebenza;
5. Ukuthotyelwa kwezinga elisemthethweni lamanzi aselwayo.

Amanqaku eBlue Drop kwiziko ngalinye leenkonzo zamanzi ohlulwa-hlulwa ngolu hlobo:

| | | | |
|---|---|---|---|
| | >95-100% | Ligqwesile | Malugcinwe ngophuhliso oluqhubekayo |
| | >80-<95% | Lenze kakuhle | Lingenza ngcono |
| | >50-<80% | Liyazama | Lingenza ngcono kunoku |
| | >31-<50% | Akukho kuhle | Lidinga ungenelelo ukulincedisa ukwenza ngocono |
| | 0-<31% | Kubi kakhulu | Lidinga ungenelelo olukhawulezileyo kuzo zonke iindawo zeenkonzo zamanzi |

***Qaphela:** Okuvunyelwe yiBlue Drop: Iziko leenkonzo zamanzi elifikelela ku r95% amanqaku eBlue Drop kunye no "gqwesileyo" ngokuvunywe kwi-microbiological kunye ne-chemical, kutsho ukuthi iziko lifumana "isiqinisekiso seBlue Drop."*

E-KZN, uMlawuli uqinisekisile ukuba mathathu amaziko eenkonzo zamanzi anamanqaku angaphaya kuka95%, xa eqhathaniswa nomthetho weBlue Drop nezifumene iwonga lesiqinisekiso seBlue Drop. Ngomnyaka wama2014, asibhozo amaziko eenkonzo zamanzi awafumana iwonga lesiqinisekiso seBlue Drop. Ngokusebenzisa iziphumo zophicitho zama2014, iphondo libonise ukwehla kwezinga kumnyaka wama2023. Ii-WSA ezintlanu kwezilishumi nesine zenyuse umgangatho kumanqaku ango2014, ngoomasipala abalandelayo: Harry Gwala DM, iLembe DM, uMgungundlovu DM, Umkhanyakude DM kunye neThukela DM.

U Masipala wesiThili iHarry Gwala uphakathi kwee-WSA izintlanu ezibonakalise ukwenyuka komgangatho kuphicotho olugqithileyo lweBlue Drop, amanqaku awo ngu66.2% ngo2023, ngelixa ebengu62.9% ngo2014. Angamashumi amabini nanye amaziko eenkonzo zamanzi e-HGDM, wona ahlinzeka ngamanzi kubantu abayi510 000. Le WSA ihlinzeka nge93% wamanzi, ngelixa i7% isuka ku-Umngeni Water, nge-Ixopo WTW.

Ngelishwa, mabini amaziko amanzi, iMachunwini kunye neChibini, apho amanqaku obungozi eBlue Drop onyukele khona kwizinga eliyingozi kakhulu, kwaye uMlawuli uxhalabe kakhulu ngenxa yokusilela kwengxelo-manani kula maziko, unobangela woku kukungasebenzi kwawo ngenxa yeengxaki zokusebenza kunye nezikhukhula zomnyaka wama2022.

Ngaphadle kweengxaki ezohlukeneyo, eziquka ezezimali kunye nezakhiwo ezindala, iqela leenkonzo zamanzi e-HGDM libonakalisa umdla wokuphucula amanqaku eBlue Drop. Iindawo ezinkulu ekufuneka ziphuculwe ziquka:

- Ulawulo lwezimali, ngakumbi kubiyelo lweenkonzo zamanzi;
- Ulawulo lwendlela yokusebenza;
- Imiba yokuthobela imiqathango.

# Kusetyenziswa izikolo ukusungula iSouth Africa's Digital Lab kwezoqoqosho e-Ixopo






**Ukusungulwa kweCyber Lab eLittle Flower Combined School ngoHloniphekileyo uMondli Gungubele, umphathiswa wezonxibelelwano nobuxhakaxhaka, kunye nomphathiswa wezothutho nokhuseleko loluntu uSipho Hlomuka, usodolophu wesiThili uceba Zamo Nxumalo kunye nesekela sodolophu uZinle Miya, bancedise ukuvulwa ngokusesikweni kweCyber Lab eLittle Flower Combined School.**

UMPHATHISWA weCommunications and Digital Technologies, ohloniphekileyo uMondli Gungubele, unikezele ngokusemthethweni ngeCyber Lab kwiititshala nabafundi baseLittle Flower Combined School e-Ixopo, KwaZulu-Natal, njenge ngxenye yeNational Cyber Lab Programme, ngeenjongo zokulungiselela abafundi abancinci ikamva eliqaqambileyo kwezobuxhakaxhaka.

Umphathiswa ebephelekwe ngusodolophu wesiThili uCeba Zamo Nxumalo, usekela sodolophu womasipala Ubuhlebezwe uCeba Zinhle Miya kunye nabanye abaphathi.

I-Little Flower Combined School ilandela ekhondweni lezinye izikolo zaseMpuma Koloni, eLimpopo nezinye KwaZulu-Natal, ezisebenzisa ubuxhakaxhaka bale mihla ngeeCyber Lab. La magumbi aneeComputer nobuxhakaxhaka obuquka, iilaptop, digital screens, servers kunye ne-Internet.

Le nkqubo yokukunikezela licebo leState Information Technology Agency (SITA), ungqa phambili kwi-ICT karhulumente, ikwalicandelo leDepartment of Communications and Digital Technologies (DCDT). Umphathiswa Gungubele uxelele uluntu ebeluzimase lo msitho ukuba, ukufunda ngobuxhakaxhaka kulutsha kunika uMzantsi Afrika ithuba lokuqinisekisa ukuthabatha inxaxheba kwezoqoqosho kwilixa elizayo. "I-4IR lixesha elitsha kubomi bethu nakwezoqoqosho. Umhlaba ulawulwa ngephucuko yobuxhakaxhaka, kwaye unintsi lolwazi kwezoqoqosho lufunyanwa kobu buxhakaxhaka," kutsho umphathiswa. Uqhube wathi, indlela elula yelizwe yokufumana oku, nakwilixa elizayo, kukuxhumana kubuxhakaxhaka nophuhliso lwezakhono.

Ngethuba iiCyber Lab zinika uphuhliso lwezakhono kubafundi ezikolweni, i-DCDT, ngokubambisana nenkqubo i-SA Connect, ifakela izixhobo zobuxhakaxhaka ngeenjongo zokuxhumisa i80% yamakhaya eMzantsi Afrika kwi-internet, kwiminyaka emithathu ezayo. "Aba bafundi bazakwazi ukusebenzisa ubuxhakaxhaka benze utshintsho, ukuze le nkqubo incedise uluntu ngokubaluleka kwezoqoqosho," kutsho umphathiswa Gungubele.

Abafundi kwizikolo ezineCyber Lab bafundiswa izifundo ezohlukeneyo kwezobuxhakaxhaka bale mihla, kuquka i-Robotics, Coding, Digital Skills kunye ne-Artificial Intelligence. Kuqhutywe iseshoni ngokhuseleko kwezobuxhakaxhaka kubafundi, ukubaxhobisa ngezakhono nolwazi lokusebenzisa i-internet ngobunono nangendlela ekhuselekileyo.

Usodolophu Nxumalo uncome esi sikolo ngomsebenzi omhle esiwenzileyo, wathi le Cyber Lab izakuncedisa abafundi ukufezekisa amaphupho abo.







# Intlanganiso yokuqala yeBhunga

INTLANGANISO yokuqala yeBhunga yoMasipala wesiThili iHarry Gwala yomnyaka wama2024, ibibanjwe ngomhla wama24 KwEyoMqungu, kwi-Ofisi enkulu yeBhunga loMasipala e-Ixopo. Kule ntlanganiso kunikwe ingxelo ngeziphumo zoMphicothi Zincwadi Omkhulu woMzantsi Afrika (AGSA), nalapho kubikwe ukuba umasipala ufumene iziphumo ezingenachaphaza. Oku kuchazwe njengempucuko kwiziphumo ezigqithileyo ebezinomsantsa. Ezi ziphumo ezingenachaphaza yimpucuko enkulu kumasipala xa kuqhathaniswa neziphumo zeminyaka egqithileyo, emva kokufumana iziphumo ezinomsantsa kunyaka mali ogqithile.































# HARRY GWALA DISTRICT MUNICIPALITY

## PUBLIC NOTICE

### SCHEDULE OF COUNCIL MEETING DATES FOR 2024 CALENDAR YEAR

I, **Mr Gamakulu Ma-Art Sineke,** the Municipal Manager of Harry Gwala District Municipality, hereby give notice in terms of Section 19(a) of the Local Government: Municipal Systems Act 2000 (Act No. 32 of 2000), that all Council meetings of Harry Gwala District Municipality have been scheduled according to the attached approved schedule for the calendar year 2024. All Council meetings will be held in the **Harry Gwala District Municipality's Council Chamber at 10h00** unless otherwise communicated.

**Enquiries should be directed to:** Mrs. T.T. Thiyane-Magaqa, at Harry Gwala District Municipality by using the following telephone numbers: (039) 834 8700/8705 during office hours.

### ISAZISO SOMPHAKATHI

Mina, **Mnumzane Gamakulu Ma-Art Sineke,** oyi Menenja kaMasipala wesifunda iHarry Gwala, ngazisa ngokweSigaba 19(a) se Local Government: Municipal Systems Act 2000 (Act No. 32 of 2000), ukuthi yonke imihlangano ye Council izohlala njengoba kubhaliwe kuhlelo lonyaka ka2024. Yonke imihlangano izohlala ngo **10h00 kwi Council Chamber yomkhandlu wase Harry Gwala District.**

**Imibuzo mayiqondiswe ku:** Nkosikazi T.T. Thiyane-Magaqa, ehhovisini loMkhandlu, iHarry Gwala ngezikhathi zomsebenzi (039) 834 8700/8705.

**COUNCIL MEETING DATES FOR 2024 CALENDAR YEAR**

| DATE | TIME | VENUE | MEETING |
|---|---|---|---|
| 24 January 2024 | 10h00 | Council Chamber | Council |
| 27 February 2024 | 10h00 | Council Chamber | Council |
| 26 March 2024 | 10h00 | Council Chamber | Council |
| 28 May 2024 | 10h00 | Council Chamber | Council |
| 30 July 2024 | 10h00 | Council Chamber | Council |
| 27 August 2024 | 10h00 | Council Chamber | Council |
| 29 October 2024 | 10h00 | Council Chamber | Council |
| 12 December 2024 | 10h00 | Council Chamber | Council |

**MR G.M. SINEKE: MUNICIPAL MANAGER**

www.ayandambanga.co.za 62473KZN



**U Masipala wesiThili iHarry Gwala unye neHarry Gwala Development Agency (HGDA), batyelele izikolo ezohlukeneyo ukukhuthaza abafundi ngemfundo. Izikolo ezityelelweyo ziquka iThembalethu Senior Secondary, Mount Currie Senior Secondary, Nkomose High School, Ixopo Village Combined School, Leshman High School, Qulashe High School, Mfulamhle Combined School kunye neClydesdale Senior Secondary. Ezi zikolo zifumene iikhalenda, iidiary, iiScience Kit, iivoucher zokuthenga ii-uniform kunye nezinye izixhobo zemfundo.**

# I-Harry Gwala ityelela izikolo

KWILINGE lokufaka isandla kuphuhliso lwesebe lezemfundo, usodolophu wesiThili iHarry Gwala, uceba Z. D. Nxumalo, isikhokhelo sesiThili kunye nesoomasipala basekuhlaleni, batyelele izikolo ezohlukeneyo kwisiThili kwinxalenye yephulo likamasipala, iBack to School Programme. Injongo yeliphulo kukukhuthaza abafundi abagqwesileyo, kunye nabo abangenzanga kakuhle ukuba bakhuthalele imfundo. IsiThili, ngokubambisana neHarry Gwala Development Agency, banikezele ngee-diary, iikhalenda, iivoucher zokuthenga ii-uniform zesikolo kunye ne Wi-Fi, xa sibala nje ezimbalwa.









# Impucuko ikhokhelela kulawulo lwasekuhlaleni oluhloniphekileyo – uSodolophu wesiThili uNxumalo








**Kwintlanganiso yenkxaso yezakhiwo zikamasipala (MIG), usodolophu wesiThili uceba Z. D. Nxumalo ucele abaphathi bomasipala ukuba bahlabele mgama ngenkcitho ukuqinisekisa ukuhanjiswa kweenkonzo. Abaphathi nabalawuli boomasipala basekuhlaleni nabesiThili bebezimase le ntlanganiso.**

USODOLOPHU woMasipala wesiThili iHarry Gwala uCeba Zamo Nxumalo, uqononondise abaphathi bomasipala wesiThili kunye nabasekuhlaleni, ukuba baphucule indlela yokukhawulezisa inkcitho mali yenkxaso mali yezakhiwo kamasipala (MIG), ukuqinisekisa ukuba iinjongo zokuhanjiswa kweenkonzo kufezekiswa ngethuba.

Esenza intetho kwintlanganiso yeseshoni yenkxaso mali ebibanjelwe kumagumbi ebhunga kwisiThili e-Ixopo kutshanje, usodolophu Nxumalo uthe, impucuko izakuncedisa indlela ulawulo lwasemakhaya olukhawulezisa ngayo ukusabela iinkxalabo nemiceli mngeni ejongene noluntu. Ngethuba kuqhutywa le seshoni, usodolophu Nxumalo uphinde wakhumbuza ukuba isiThili sithabathe isigqibo zokubamba iintlanganiso rhoqo, ukunika ingxelo yesimo se-MIG nezinye iinkxaso mali ezinikwa iiprojekthi, kuquka inkcitho yazo. Ezi seshoni ziquka oosodolophu boomasipala basekuhlaleni, oomanejala, oo-CFO, kunye nabaphathi beenkonzo zezakhiwo, ukuphonononga nokufumana inkcazelo ngeeprojekthi, ukuze kufumaneke izisombululo zemiceli mngeni enokuthi iphazamise ukugqitywa kwazo, nekunga khokhelela kuphazamiseko lwendlela yezabelo zenkxaso. Intlanganiso yakutshanje ibisimaswe ngababaphathi abasuka kwaCogta ngobuxhakaxhaka balemihla. Oomasipala abanintsi bazibophelele ngokuqinisekisa ukufikelela ku100% wayo yonke inkcitho mali ukuphela kwalo nyaka mali.

"Singoomasipala kufuneka siphucuke kwindlela esenza ngayo izinto, kufuneka size neendlela ezintsha zokwenza izinto ukufumana iziphumo esizifunayo kunye nokulindelwe luluntu lwethu. Ukuqinisekisa ukuhanjiswa kweenkonzo eluntwini, kufuneka siphucuke, asizuqhubeka nokusebenzisa iindlela ezindala ezingasiniki iziphumo esizinqwenelayo, ngakumbi kwiiprojekthi ezityunjwe yi-MIG. Kufuneka sisebenze nzima ngoba ukusebenza nzima kunomvuzo. Masikhumbule ngamaxesha onke ukuba silapha ukuhambisa iinkonzo, xa singaphumeleli loonto ichaza ukuba asiwenzi umsembenzi wethu, kwaye uluntu lwethu luchaphazeleka ngendela embi," kutsho usodolophu Nxumalo. IsiThili kunye noomasipala baso basekuhlaleni sele besenza izicwangciso zonyaka mali ozayo wama2024/2025, batyumba apho inkxaso mali izakuncedisa ngamandla khona.











**Bekuyimincili koosomashishini abafumene inkxaso ngethuba benikezelwa ngeeDunlop Fitment Centre**

# Kunikezelwe ngeeDunlop Fitment Centre kwisiThili iHarry Gwala

KWILINGE lokukhuthaza uluntu kwezoshishino, uMasipala wesiThili iHarry Gwala, ngokubambisana neHarry Gwala Development Agency, banikezele ngeeDunlop Tyre Fitment Centre ezine kubaxhamli kwisiThili kutshanje.

Kutshanje, usodolophu uCeba Nxumalo, incutshe yezopolitiko kwisiThili yophuhliso, kunye noosodolophu, ooCeba nabaphathi abasuka koomasipala basekuhlaleni iKokstad, Umzimkhulu, uBuhlebezwe kunye neDr. NDZ, banikezele ngeeDunlop Tyre Fitment Centre ezine kumasipala ngamnye. Olu nikezelo, ngokubambisana neSumitomo Rubber SA (Dunlop), luqinisekise ukusungulwa kwamashishini amane, onke ngawolutsha, abafana abathathu kunye nowasetyhini omnye.

“Singurhulumente, sizimisele ukuqinisekisa ukuba kwenziwa amathuba akhokhelela kwizithuba zomsebenzi, ulawulo lwenkcitho lwezoqoqosho kwisiThili kunye nophuhliso lwezakhono ukuze kuphuhliswe amashishini,” kutsho usodolophu Nxumalo.

Le nkqubo yinxalenye yokuphuculwa kweelokishi kunye nophuhliso lwezoqoqosho ezilalini.

# Izixhobo ezintsha ukuqinisa uhanjiso lweenkonzo










**Usodolophu wesiThili uceba Z. D. Nxumalo uvavanye i-TLB ukubona ukuba isebenza kakuhle na, ngethuba enikezela ngayo kwisebe leenkonzo zamanzi. Le TLB izakunceda ukukhawulezisa ukuhanjiswa kweenkonzo kwisiThili.**

UMASIPALA wesiThili iHarry Gwala wongezelele amandla koomatshini bawo ngokuthenga izixhobo ezintsha, nezizakuncedisa ukulungisa imobhobho eyonakeleyo yelindle, kunye nakwizakhiwo zamanzi ngaphantsi kwesiThili. Usodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala uCeba Zamo Nxumalo, unikezele nge-TLB (Tractor-loader-backhoe) entsha kwicandelo leenkonzo zamanzi kutshanje. Oku kulandela ezithendeni zeenqwelo ezilishumi nambini ezithengwe kunyaka ophelileyo, nazo ezizakuncedisa ukukhawulezisa ukuhanjiswa kweenkonzo. Umasipala uthenge le mitshini ukuze akhawulezise iinkonzo eluntwini, ngenxa yoko umasipala kudingeka ubenezixhobo ekungezawo ukwenza lo msebenzi, kunoku xhomekeka kubaniki beenkonzo, okungenzeka kuphazamisane nokungxamiseka kokulungiswa kweengxaki ezinokuthi zivele, ngenxa yokuqinisekisa ukuba imithetho yecandelo lolawulo lweenkonzo iyalandelwa.

Usodolophu wesiThili uthe, umasipala unolwazi ngemibiko emininzi yemibhobho yelindle eyonakeleyo, kunye neminye imiba yamanzi nogutyulo lwelindle edinga ingqwalasela ekhethekileyo ngokukhawuleza.

Ngaphezu koko, usodolophu ugxininise ukuba oku kuzaku khawulezisa ukuhanjiswa kweenkonzo apho kunesidingo.

"Injongo yethu kukuhlinzeka ngamanzi afikelelekayo kunye nogutyulo lwelindle, nanjengoko amanzi ebubomi, ugutyulo lwelindle sisidima, kwaye ngalo mzuzu, sibone kukhona isidingo sokuthenga ezi matshini ukuze sifezekise uxanduva lwethu lokuhlinzeka ngezi nkonzo ebantwini ngokukhawuleza. Xa kukhona imibhobho egqabhukileyo okanye izitamkoko ezivuzayo, asizukulinda ukufuna abahlinzeki beenkonzo, kodwa sizaku sabela msinya ukwenza loo msebenzi," utshilo usodolophu Nxumalo.

Usodolophu wesiThili uqhubeke wathi, urhulumente ukholelwa ukuba abahlali bawo banelungelo lokufumana amanzi acocekileyo, aselekayo, iinkonzo zamanzi ezingena kuphazamiseka kunye nogutyulo lwelindle olunesidima.





**Bekulusuku lochulumanco xa abasebenzi besebe lezezimali bebefumana iziqinisekiso zokuphumelela kwabo iMunicipal Finance Management Programme kunye nePublic Administration.**

# Icandelo lezezimali eHarry Gwala liqaqambile kuthweso zidanga

IZITHWALANDWE ezingamashumi asibhozo ezisuka kuMasipala wesiThili iHarry Gwala, ziphakamise iflag yomasipala ngexesha lothweso zidanga kunyaka ophelile, ngosuku lwe-Excellence Day nalapho izithwalandwe zifumene iziqinisekiso zazo. Lo msitho ubuququzelelwe yiFachs International Cololege/Group, nethe yanikezela iziqinisekiso kwabo abaphumelele izifundo ezohlukeneyo.

Aba baquka abafundi abasuka kumaziko afana nomasipala i-Amajuba, kumasipala iHarry Gwala, kumasipala iMaphumulo, kumasipala Umzumbe, kwiJoburg Road Agency, Sci-Bono, Isebe Lophuhliso Loluntu, umasipala uMkhondo kunye neNECSA. Ezi zifundo ziquka iinkqubo ezivunywe ziiSETA ezilandelayo: I-Services SETA, PSETA kunye ne LGSETA.

I-LGSETA ithe, bayazingca ngoomasipala abaqinisekise ukuba izifundo noqeqesho ziyaqhutywa kumaziko abo. Abafundi bafumene iziqinisekiso kwiProject Management, Municipal Finance Management Programme kunye nePublic Administration. Usodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala uCeba Zamo Nxumalo, uthe huntshu kubasebenzi abaphuma kumasipala abaphumelele, uthe oku kuzakunceda kuhanjiso lweenkonzo. "Eyona ndawo ebalulekileyo kuhanjiso lweenkonzo kukwenza uhlahlo lwabiwo mali olusulungekileyo ukuze uluntu lwethu lufumane iinkonzo ezibalulekileyo. Ezi



zithwalandwe zizakuncedisa ukuqinisekisa ukuba sifezekisa uxanduva lwethu lokuhambisa iinkonzo kuluntu lwethu," kutsho usodolophu Nxumalo. Umyalezo wezithethi kuthweso zidanga uthe "IMFUNDO SISITSHIXO." Oku kugxininisa ukuba "Kufuneka ubelutshintsho onqwenela ukuba lulo emhlabeni," isicatshulwa sikaMahatma Gandhi, usopolitiki wapheseya owasebenzisa uqhankqalazo oluzolileyo ukukhokhela umgushuzo wokulwela inkululeko yase-India.

# USodolophu Nxumalo noosodolophu basekuhlaleni kwisiThili bathetha ngokuhanjiswa kweenkonzo









**Ngazwi linye, oosodolophu bathethe ngenkqubo yokuhanjiswa kweenkonzo kwinkqubo kanomathotholo Igagasi FM. Usodolophu wesiThili uceba Z. D. Nxumalo, ekhokhela oosodolophu uthe kubalulekile ukuba inkqubo yokuhanjiswa kweenkonzo lithethwe noluntu, ukuze uluntu luveze uluvo nezikhalazo zalo. Oosodolophu bebephelekwe ngooManejala booMasipala kwezi ngxoxo.**

USODOLOPHU woMasipala wesiThili iHarry Gwala uthethe nabahlali besiThili kutshanje ngethuba esasaza kwisikhululo sikaNomathotholo iGagasi FM, ethetha ngophuhliso kuhanjiso lweenkonzo, ngakumbi amanzi nogutyulo lwelindle.

Kweli tyeli, ebephelekwe ngoosodolophu bonke basekuhlaleni, usodolophu womasipala Umzimkhulu, uCeba Jabulile Msiya, usodolophu womasipala Ubuhlebezwe uCeba Bathobile Ngubo, usodolophu womasipala iDr. Nkosazana Dlamini-Zuma, uCeba Sindisiwe Msomi kunye nosodolophu womasipala iGreater Kokstad, uCeba Lwanda Madikizela.

Ngazwinye, bonke aba sodolophu bathethe ngenkqubo kuhanjiso lweenkonzo kwindawo ezohlukeneyo kwisiThili, nalapho bethanda ukuphucula khona.

Olu nxibelelwano noluntu belungomhla weshumi nambini kwEyoMnga 2023, kwinkqubo ethi 'Indaba with Alex Mthiyane' kwiGagasi FM. Iingxoxo bezi ngezicwangciso neendlela umasipala akazakuzi sebenzisa ukuqinisekisa ukuhanjiswa kweenkonzo ngokwaneleyo ebantwini.

Ukumamela uluntu lutsala iminxeba lubuza imibuzo kwanokuphawula apho kubalulekileyo, kunike umasipala kunye noluntu ithuba elaneleyo lokuthethwa kwengxoxo. Bonke oosodolophu bebebeke umoya phantsi ngalo lonke ixesha leengxoxo.

Usodolophu Nxumalo uthe, amanzi nogutyulo lwelindle kuseluxanduba olungundoqo lweHarry Gwala. Uqhubeke wathi, xa kuphela umnyaka wama2023 owandulela owama2024, umasipala uzaqinisekisa ukuba ulandela zonke iiprojekthi zamanzi/zogutyulo.

Usodolophu Msiya, uthethe ngamandla eDistrict Develoment Module (DDM) eMzimkhulu. Usodolophu Ngubo uthethe ngemiceli mngeni ephambili umasipala wakhe akajamelene nayo, nezicwangciso abazenzileyo zokuhlangabezana nale miceli mngeni.

Usodolophu Madikizela yena uthethe ngephupho labo le-Eastern Seaboard Smart City, wachaza indlela eliphupho elizakunceda umasipala iGreater Kokstad noluntu ngayo.

Oosodolophu babambe ngazibini kwigqiza leGagasi ngokumbamkela, ngakumbi kumsasazi wenkqubo uMnu. Alex Mthiyane nabanye ababe yinxalenye yokwenza lengxoxo ibe yimpumelelo.

# Kunikezelwe ngeziqinisekiso kwabaqeqeshelwe ukuqhuba iTLB









**Bebenemincili abafundi abafumene iziqinisekiso zoqeqesho lokusebenzisa i-TLB. Le nkqubo izakuncedisana nolutsha olungasebenzi nolungena zakhono. Ezi ziqinisekiso zinikezelwe kwintlanganiso ebibanjelwe kwindlu yeBhunga e-Ixopo ngusodolophu wesiThili uceba Z. D. Nxumalo.**

Bafumene iziqinisekiso zabo abo abaqeqeshelwe ukuqhuba i-TLB ngaphantsi koMasipala wesiThili iHarry Gwala kutshanje kuMasipala wesiThili iHarry Gwala.

Usodolophu wesiThili, uCeba Z. D. Nxumalo, ephelekwe ngusekela sodolophu uCeba N. Jojozi, usomlomo uCeba M. S. D. Mdunge kunye noMphathi Masipala uMnu. G. M. Sineke, banikezele ngokusemthethweni ngeziqinisekiso zokuphumelela kwabo abaxhamle kwiTLB Training Programme.

Esenza intetho yakhe, usodolophu Nxumalo uthe, uphuhliso lolutsha lolunye loxanduva loMasipala wesiThili iHarry Gwala, kungoko bezingca ukubona impumelelo yale nkqubo. Uqhube wathi, uphuhliso lwezakhono lunika ulutsha olungaphangeliyo kwisiThili amathuba okuqeqeshwa lusebenze ezindaweni zalo, ukuze banike iinkonzo ezibalulekileyo, nokuba yinxalenye yophuhliso loluntu kwezoqoqosho. Balishumi nambini abantu abatsha kwisiThili abaqeqeshelwe ukusebenzisa iTractor Loader Backhoe (TLB).

Olu qeqesho oluthabathe iintsuku ezintlanu belubanjelwe ngaphantsi komasipala wasekuhlaleni uBuhlebezwe, eBenmore Farm. Injongo yale nkqubo kukufaka isandla kunintsi lolutsha lwesiThili iHarry Gwala olungaphangeli nolungenazakhono. Lizakuphuhlisa nabo abathanda ukufaka isandla kuphuhliso lwezoqoqosho nokudala amathuba emisebenzi, nanjengoko bekulungele ukuqeshwa ngoba sele benesakhono sokusebenzisa lo matshini, ongomnye woomatshini boogandaganda abaqanda.

Olu qeqesho luhambisana nophuhliso lwe-Employment Equity kunye neBBBEE Support. Ngale nkqubo, umasipala uzoyamanisa neenjongo ezikhethekileyo zoMzantsi Afrika kunye namathuba alinganayo kwezemisebenzi.

Iziqinisekiso zinikezelwe kwaba abalandelayo:

1. Mdunge Lebohang
2. Mtolo Ayanda
3. Ngxabi Nstikelelo Blessing
4. Buyeye Siphokazi Zolelwa Precious
5. Sithole Lindokuhle Innocent
6. Shange Mthobisi Anele Amos
7. Dlamini Qiniso
8. Dlamini Thalente
9. Nyawose Bongumusa Condry
10. Nxele Sihle
11. Mngqithi Myekeli
12. Tshabalala Khanyiso










**Umphathiswa wezonxibelelwano nobuxhakaxhaka oHloniphekielyo uMondli Gungubele usungule iBroadband Access Fund kwaWard 1 eGreater Kokstad.**

# Ukusungulwa kwenkxaso mali yokuxhamla kwi-broadband, iprojekthi karhulumente yokukhuthaza ingqesho kuMasipala Wesithili iHarry Gwala

UMPHATHISWA wezonxibelelwano nobuxhakaxhaka, ohloniphekileyo uMondli Gungubele, njengencutshe yezopolitiko kwiHarry Gwala District Development Model (DDM), kunye nenkulumbuso yaKwaZulu-Natal, ohloniphekileyo uNomusa Dube-Ncube, umphathiswa wezothutho kunye nencutshe yeKZN Provincial DDM eHarry Gwala, uSipho Hlomuka, usodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala, uCeba Zamo Nxumalo kwakunye nosodolophu womasipala iGreater Kokstad, uCeba Lwanda Madikizela, basungule inkxaso mali yokuxhamla kwi-Broadband kwaWard 1, eGreater Kokstad kutshanje.

Inkxaso mali yokuxhamla kwi-Broadband, neyinxalenye yeProjekthi iSA Connect isigaba 2, yenziwe njengephulo likarhulumente lokukhuthaza ingqesho, ukunika ingxenye yenxhaso kubahlinzeki beenkonzo ze-Internet (ISPs), ukuze baxhumise amakhaya angama 50 000 kunye neendawo zokuxhuma zoluntu ezingama 3 000. Le nkxaso incedisa iiSMME ezizi-ISP ukukhulisa ukuxhuma kwi-broadband kwiindawo ezingahoywanga, iphucule ukungenelela kwe-broadband, ukunciphisa amaxabiso e-broadband, ukwandisa ingqesho kunye nokukhulisa ezoqoqosho.

I Mzantsi Connect, i-ISP etyunjwe yi-BBI ifakele i-Gigabit Mesh Network yokuqala kwisiThili iHarry Gwala, incedisa urhulumente ukuxhuma amakhaya ayi-1 600, ixhamlisa abantu abangaphaya kwama6 000 kwaWard 1, kumasipala iGreater Kokstad, neyenze uWard 1 kube yindawo yokuqala yokuxhuma imini nobusuku kwiphondo iKwaZulu-Natal.

"Ngamandla eBroadband Access Fund, urhulumente unciphise ixabiso le-data kakhulu nanjengoko umntu ehlawula ubuncinane i-R5 ngosuku eyokuxhuma kwi-Wi-Fi. Sinika abantu bethu ithuba lokuxhuma kwi-internet ngendlela efikelelekayo nekhuselekileyo. Sizimisele ukuxhuma imizi engaphaya kwesigidi kwisithuba seenyanga ezintandathu ezizayo," kutsho umphathiswa uGungubele.

Umphathiswa uGungubele uqhube wathi: "Singurhulumente sinemincili ngoba iGigabit Mesh Network izotywe, yacetywa, yokhiwa ziinjineli ezincinane, nalapho oyena mdala eneminyaka engama-25. Oku kubonakalisa ukuzinikezela kwethu ekuphuhliseni ulutsha, abasetyhini kunye nabo abaphila nokukhubazeka."

"Siliphondo iKwaZulu-Natal, sinemincili ngokusungulwa kwale nkqubo kumasipala iGreater Kokstad. Le projekthi ngenene ingumthetheleli wokufikelela kubantu abangathathi ntweni kwiphondo. Xa siqhuba umsebenzi wethu nomphathiswa, wokusungula iprojekthi i-SA Connect isigaba 2, sinenjongo yokuphuhlisa abantu abangaphaya kwesigidi ngamathuba emisebenzi," kutsho inkulumbuso uNomusa Dube-Ncube.

I-Gigabit Mesh Newtork yabelwe iiSMME ukusuka eMpumalanga, Gauteng, KZN, Eastern Cape, Free State, kunye neNorthern Cape. Le projekthi izakuhamba iward nge ward, nalapho kuzakudalwa amathuba emisebenzi kwi-ward nganye, ngokuchonga nokuqeqesha iiSMME ukugcina i-network kwi-ward. "Le projekthi ibonakalise ukukhula kwezoqoqosho okukhulu eluntwini. Ulutsha lungenza, luze lukhulise amashishini alo ngobuxhakaxhaka, lufune imisebenzi, kwaye ukufikelela kwi-internet kudala amathuba ezemfundo. Amashishini angathabatha izicelo kweli qonga, nabahlali bangafumana uncedo kurhulumente ngokukhawuleza nangendlela efikelelekayo, ngelixa oomasipala benganciphisa amaxabiso nokuphucula indlela yokuqokelela ingeniso ngeenkonzo zikamasipala ngobuxhakaxhaka," kugqibezela umphathiswa Gungubele. I-Broadband Access Fund sele iphuhlise ii-IPS ezilishumi nesithandathu eziziiSMME kuzwelonke, idala amathuba emisebenzi kulutsha, abasetyhini kunye nabaphila nokukhubazeka.

Ikhutshwe lisebe lezonxibelelwano nobuxhakaxhaka.











**Bekulusuku olubi kubasebenzi besiThili iHarry Gwala, uluntu luphela ngelixa besithi ndlela ntle kowayesakuba ngusodolophu uMnu. Jini Patrick Khoza. Abanintsi benze amazwi ombulelo kunye bancoma nendlela asebenzele uluntu ngayo.**

# Kukhunjulwa owayesakuba nguSodolophu

UMASIPALA wesiThili iHarry Gwala uhloniphe ubomi bowayesakuba ngusodolophu. Iholo yoluntu iPeace Initiative Hall e-Ixopo, ibigcwele ime ngeembambo ngethuba kugaleleka oomasipala abangaphantsi kwesiThili iHarry Gwala, ukuzohlonipha ubomi bowayesakuba ngusodolophu, uMnu. Jini Patrick Khoza kutshanje.

Ebebesakuba ngabaphathi kunye noogxa bakhe, ebebesebenza ngaphantsi kwakhe ngelixa engusodolophu, baye bazila kunye nezalamane nabahlobo bakhe ngeentetho zabo ezahlukeneyo, bedandathekile, bekwaqinisa usapho lwakhe. Bamchaze uMnu. Khoza njengomntu othobekileyo, ongumxolelanisi nonentlonipho.

Ukusweleka kwakhe ngesaquphe ngomhla wesihlanu kwEyeNkanga 2023 – kuvule amanxeba angophiyo kusapho lwakhe, kwabathandiweyo bakhe kunye nakuluntu lwesiThili iHarry Gwala, kwaye akuthabatha ixesha elide ukuphola. Usodolophu wesiThili uCeba Zamo Nxumalo, encoma uKhoza uthe, uKhoza ufana notata kuye nanjengoko ebejonge kuye ngeemfundiso zakhe ezilungileyo. “Lixesha elinzima kum nanjengoko besisondelene kakhulu. Ebefana notata kum,” utshilo uCeba Nxumalo. Uthe uMnu. Khoza nonkosikazi wakhe, uNkskz. Khoza, ongumphathiswa wesebe lophuhliso loluntu KwaZulu-Natal, bafana nabazali kuye, kwaye ukungabikho kowayesakuba ngusodolophu ebomini bakhe kufana nokuba inxalenye yakhe ilahlekile.

UCeba Nxumalo uqhube wathi: “Abantu badla ngokuhlekisa ngelithi wandithatha wandifundisa kwiindawo ezahlukeneyo ukuze ndifumane ulwazi, ukuze ndigqibele ndingusodolophu kunye nosihlalo wombutho ophetheyo, njengaye.” Kodwa ke, kwi-ANC, akuhambi kanjalo.

“Okundivuyisayo kukuba uthabathe umhlalaphantsi wokuba ngusodolophu ngo2011 ukuze achithe ixesha nosapho lwakhe, nangona besithanda ukumbona eqhubeka nokusikhokhela nanjengoko ebeyindoda yoxolo engumxolelanisi,” kuqhubeka uCeba Nxumalo, egxininisa ukuba ufunde lukhulu kwabakwaKhoza.

Owayesakuba yinkulumbuso, uMnu. Mike Mabuyakhulu naye ebephakathi kweenkokheli zezopolitiko ebezizimase inkonzo yesikhumbuzo. Umchaze uMnu. Khoza njengomntu owayesebenza nzima nejoni eliphezulu, elincame ubomi balo nexesha lokuhlala nosapho lwakhe ukuze asebenze ngokuzimisela, esebenzela abantu besiThili saseHarry Gwala. “Ebengumntu wabantu, umntu owayebeka abanye abantu phambili. Asiyonto ngaphandle kwakhe kwaye ukugqitha kwakhe emhlabeni linxeba elingasoze liphole. Ebehleli ebeka usapho lwakhe phambili... ebeluthanda usapho lwakhe,” utshilo uMabuyane.

UKhoza uchazwe njengomntu obenomdlandla, indoda ebibakhathalela abantu abahlelelekileyo. Idabi lakhe lokunceda abantu belingapheleli kumagumbi entlanganiso kuphela, kodwa ebesebenza nangaphandle, eqinisekisa ukuba abantu kwisiThili sakhe bafumana amanzi.

“Sizamkhumbula njengendoda enobubele nelungileyo, enentliziyo entle neyayingapheli mandla nangexesha lobunzima,” kutsho owayesakuba nguMphathi Masipala, uMnu. M. N. Mabaso.

Isithethi sosapho, ubhuti wakhe, uMnu. Thumbu Khoza, uthe balahlekelwe ngumntu othandekayo nobethanda usapho lwakhe, umbutho wakhe wezopolitiko kunye noluntu owayelusebenzela. “Lixesha elinzima kuthi eli silusapho ukulahlekelwa ngumntu ofana naye, indoda ebekuyinto yonke kuthi. Ndilimele. Kunzima kuthi sisonke ngenxa kabhuti wam,” utshilo. Uqhube wathi, ubhuti wakhe ebeyithanda kakhulu imfundo, waqinisekisa ukuba bayafunda, kodwa hayi bona kuphela, nabantwana bakhe. “Silusapho, besizingca ngayo yonke into akasenzele yona kunye nempumelelo yakhe. Ebekuthanda ukusebenzela abantu bakhe,” kutsho uMnu. Khoza, nobengakwazi ukuzibamba iinyembezi zakhe.

Ubekwe kwindlu yokuphumla ngoMgqibelo 11 kwEyeNkanga 2023 uKhoza.

# ULUNTU LWASE-IXOPO LUBHIYOZELA INKQUBO KAMPHATHISWA NKONYENI YAMANDLA EZOQOQOSHO







**UMphathiswa wezezimali, uNkszn. Nelisiwe Peggy Nkonyeni, kwinkqubo iFinancial Wellness Programme, ubongoze uluntu kuba luqaphele indlela olusebenzisa ngayo imali kwaye bafunde isiko locwangciso lwezimali.**

IXESHA lemibhiyozo yokuphela konyaka ifike yagqitha, kodwa kuluntu lwase-Ixopo lifike nenkqubo epheleleyo yocwangciso lwamandla ezoqoqosho, ekhokhelwe ngumphathiswa wezoqoqosho KwaZulu-Natal, uNkszn. Peggy Nkonyeni.

Umphathiswa, ephelekwe ngoosodolophu basekuhlaleni kunye nabahlawuli beenkonzo zikamasipala babucala, basingathe inkqubo yotyelelo loluntu ePeace Initiative Hall, kwisiThili iHarry Gwala, ukuphuhlisa uluntu/amakhaya/abantu ngolwazi locwangciso lwamandla ezoqoqosho, ukufundisa ngamacebo ezimali, ukunika iqonga lonxibelelwano lamacebo ezimali kwanoku ncedisa ukwakha isizukulwana esibeka phambili ucwangciso lwezimali, kwilinge lokuncedisa ukwakha isizwe esinamandla kwezoqoqosho. Le seshoni yophuhliso loluntu ibizinyaswe bubukho beengcaphephe ezisuka kumgcini zimali karhulumente KwaZulu-Natal, kwaStandard Bank, SMME kunye namaqela ooKopolotyeni asuka kwisebe lophuhliso lwezoqoqosho, utyelelo nemicimbi yokusingqongileyo, Ezemvelo Wildlife, Dube Trade Port, Ithala, KZN Liquor Authority kunye neHarry Gwala Development Agency.

UMakhosi Latha waKwaThathani kwaward 10, ngaphantsi komasipala wasekuhlaleni uBuhlebezwe uthe, le nkqubo imvule amehlo kwisidingo sokuceba indlela yokusebenzisa imali. “Ndize kulo msitho ngokubona ukuba ikhona into endizakuyizuza... Indifundise nokuba zininzi izinto ekufanele ndizenze ukulawula imali yam. Ndiqinisekile ukuba abantu abanintsi apha bafunde lukhulu nanjengoko sizidinga ezi zifundo ngaphantsi kwale meko esikuyo,” utshilo.

UThobeka Mbatha waseJolivet yena uthe, isilumkiso soqoqosho sifike ngexesha elifanelekileyo kuye nanjengoko engafuni xinzelelo oluhambisana nokusebenzisa imali gwenxa. “Eli phulo lindifundise ukuba ndinga lunqanda uxinzelelo ngokucwangcisa indlela endisebenzisa ngayo imali yam. Ndivile nangendlela yoku gcina imali. Ndiyavuya ngokuza apha kulo msitho,” utshilo uMbatha.

Esenza intetho yakhe kulo msitho, umphathiswa Nkonyeni uthe kubalulekile emntwini, iintsapho kunye namashishini ukuqaphela indlela abasebenzisa ngayo iimali zabo, ngaphantsi kwesimo soxinzelelo lwezoqoqosho. “Singungcini mali karhulumente, sithabathe isigqibo sokuqhuba iphulo lokufundisa uluntu ngezoqoqosho ukuze sincede uluntu lwethu. Siceba ukuqhuba le mfundiso kwiphondo lonke laKwaZulu-Natal, ukuze sikhuthaze ngamandla ezoqoqosho noku kukhuthaza abantu ukuba bagade iimali zabo. Sifuna ukubalumkisa ukuba bayeke ukuboleka imali ukuze bakwazi ukuthenga ii-uniform zabantwana babo zesikolo. Kufuneka sichithe imali yethu ngobulumko,” utshilo. U Ceba Nosisa Jojozi, ongusekela sodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala uthe, kubalulekile ukufundisa uluntu ngendlela yokusebenzisa iimali zabo. “Siyakuvuyela ukusungulwa kwale nkqubo ebaluleke kangaka ngumphathiswa Nkonyeni, yokufundisa uluntu ngakumbi iiSMME, ngendlela yokusebenzisa iimali. Ngenene luxanduva lwakhe ukusifundisa ukuze senze, nokukhulisa uluntu olusempilweni,” utshilo.

# IZIKO LOLAWULO LWEZENTLEKELE: INGXELO YEZEHLAKALO

## UHLOBO LWESEHLAKALO: IIMVULA EZIMANDLA KUNYE NEENDUDUMO

## UMHLA WESEHLAKALO: EYOMQUNGU 2024

KWINYANGA yoMqungu2024, iinkonzo zoqikelelo lwemozulu loMzantsi Afrika (SAWS) likhuphe isilumkiso uLevel 2 kunye no4 weemvula ezimandla. Ukusukela kwEyoMnga 20234 ukuya kwEyoMqungu 2024, kubekhona izehlo ezinintsi kwiphondo iKwaZulu-Natal kwaye uMasipala wesiThili iHarry Gwala ngomnye weziThili ezichaphazelekileyo zezimvula ezihamba neendudumo, umoya obhudla ngamandla kunye nezikhukhula. Ukukhusela uluntu kwiingozi ezihamba nale mozulu, eziquka ukukhukhuliseka kwemigwaqo kunye neebhulorho, isiThili, oomasipala basekuhlaleni kunye nabahlawuli beenkonzo zikamasipala abachapazelekayo, baxelelwe ngezi zilumkiso zemozulu, amaqela ezentlekele ebeme bume.

Ezi mvula ezimandla zonakalise izindlu ezimbalwa, kwezinye kumke uphahla, unintsi lwezindlu zodaka zidilikile ngenxa yeemvula ezimandla, kwabikwa nokutshona emanzini kwabantu kwisiThili.

Ukusukela ngomhla wethoba ukuya koweshumi nesibhozo kwEyoMqungu 2024, uMasipala wesiThili iHarry Gwala ufumene iimvula ezimandla, umoya obhudla ngamandla, iindudumo, imibane kunye nezikhukhula, okukhokhelele kwizehlakalo ezine zokutshona emanzini kubo bobane oomasipala basekuhlaleni.

Ngamakhaya amangakhulu amathathu namashumi asithandathu (360) achaphazelekileyo, abantu abangamashumi amane nesixhenxe (47) bashiyeke bengandawo zokuhlala, amakhaya alikhulu namashumi amahlanu ananye (151) onakele ngokupheleleyo, ikhulu namashumi alithoba ananye (191) afumene isiqingatha somonakalo, ngabantu abaliwaka namakhulu asixhenxe namashumi amabini nesibhozo (1 728) abachaphazelekileyo. Inkonzo yesipolisa ibike ukusweleka kwabantu abane, kwatshona abathathu emanzini (eMzimkhulu kunye naseDr. NDZ), indlu iye yawela phezu komntu eMzimkhulu, kutshone umntu wamnye emanzini eKokstad, kwabikwa umonzakalo kubantu abathandathu e-Ubuhlebezwe.

### DR NDZ LOCAL MUNICIPALITY

Umasipala wasekuhlaleni iDr. Nkosazana Dlamini-Zuma, ubike isichotho esihamba nomoya obhudla ngamandla kunye neemvula ezimandla ngomhla weshumi nesixhenxe kwEyoMqungu 2024. Esi sichotho sichaphazele eziwadi ezilandelayo: 1, 2, 3, 4,5,6,7, 8, 9, 10, 11, 12 no 15.

Amaqela aphumile ukuyohlola umonakalo kwaye ingxelo izakufumaneka ngokungena kwemibiko.

Iingxelo ezifumanekileyo zezezindlu eziwileyo neentsapho ezithuthiweyo, umntu omnye outshone emanzini, akukho zingozi ezibikiweyo.

| IWard | Indawo | Inani lamakhaya achaphazelekilyo |
|---|---|---|
| 1 | Mqatsheni and Mhlangeni | 2 |
| 2 | Enkuznini, Enhlanhleni and Mahwaqa | 7 |
| 3 | Khubeni | 1 |
| 4 | Phayindane, Kwashoba, Mashayilanga, Ezidweni, Madwaleni, Nsimbini | 9 |
| 6 | Ngcesheni, Maqoleni, Mathunzini, Vusamavila | 6 |
| 7 | Gqumeni, Mpengwana, Gala | 12 |
| 8 | Sibizane, Bhobhoyi, Kamagidela, Ngwagwane | 9 |
| 9 | Sopholile, Ezitendeni, kwa Phini, Y-Section, Nkwezela, Bhambatha and Obhukwini | 9 |
| 10 | Chibini, Xosheyakhe, Ntokozweni, Gobhogobho | 11 |
| 11 | eSharp, Okhwalweni, Ntambamakhaba, Emangwaneni, Macabazini, Mafohla, Emvuleni, Mkhohlwa, Ntambamakhaba and St Catherine | 30 |
| 15 | Masamini | 1 |
| **EWONKE** | | **97** |



**KwaZaka kuWard 2 kwindawo yaseMahwaqa ngaphantsi kweDr. NDZ**



**KwaDlamini kwaWard 7 kwindawo iRethabile ngaphantsi kweDr. NDZ**

**Table 1: Inani lezehlakalo kunye nokuchaphazeleka kumasipala ngamnye**

| Oomasipala basekuhlaleni | Inani lezehlakalo | Amakhaya achaphazekileyo | Izindlu ezonakeleyo | | Abangena makhaya | Abantu abachaphazelekileyo | Abaswelekileyo | Abonzakeleyo |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | | Ezonakele ngokupheleleyo | Isiqingatha somonakalo | | | | |
| Dr. Nkosazana Dlamini Zuma | 2 | 113 | 19 | 83 | 10 | 569 | 1 | 0 |
| Ubuhlebezwe | 2 | 64 | 22 | 30 | 12 | 457 | 0 | 6 |
| uMzimkhulu | 3 | 141 | 68 | 78 | 25 | 578 | 3 | 0 |
| Greater Kokstad | 1 | 42 | 42 | 0 | 0 | 124 | 1 missing | 0 |
| **EWONKE** | **8** | **360** | **151** | **191** | **47** | **1728** | **5** | **6** |

## UBUHLEBEZWE LOCAL MUNICIPALITY


Umasipala wasekuhlaleni Ubuhlebezwe ufumene iimvula ezimandla, isichotho esihamba nemibane kunye nomoya obhudla ngamandla. Iimvula ezimandla zichaphazele ezi wadi: 1, 3, 4, 9, 10, 11, 12 no 13. Ngabantu abangamakhulu amane namashumi amahlanu anesixhenxe (457) abachaphazelekileyo kwesi sehlo. Iintsapho ezintandathu (6) zishiyeke zingenamakhaya, izindlu ezingamashumi amathathu (30) zonakele ngokupheleleyo, ezingamashumi amabini anambini (22) zifumene isiqingatha somonakalo.

| IWard | Indawo | Inani lamakhaya achaphazelekilyo |
|---|---|---|
| 1 | Mahhehle, Ncakubana, Eziweni, Mahhafana | 18 |
| 3 | Ofafa, Ntakama | 12 |
| 4 | Mashakeni, Mandilini | 6 |
| 9 | Springvale, KoZondi, KoShange, Mntungwane, Eplangweni | 11 |
| 10 | Mhlabashane | 1 |
| 11 | Emahusheni | 5 |
| 12 | Mazabekweni | 1 |
| 13 | KwaMashumi, Nokweja | 2 |
| 14 | EMzumbe, Ebhayi | 6 |
| **EWONKE** | | **63** |

Unintsi lweebhulorho ezincinane lugqunywe ngamanzi, ezinye zonakele. Nazi iibhulorho ezichaphazelekileyo:
Dabe;
Ntakama;
Bhensela.



**Ibhuloro iDabe kwaWard 3 Ofafa ngaphantsi kwe-Ubuhlebezwe**



**Indlu edilikile yosapho lakwaKhambule e-Ofafa, kwindawo iEmashakeni Gquzu ngaphantsi kwe-Ubuhlebezwe**

## UMasipala wasekuhlaleni UMzimkhulu

Umasipala wasekuhlaleni Umzimkhulu ufumene umoya obhudla ngamandla kunye neemvula ezimandla. Isichotho sichaphazele ezi wadi: 7, 8, 11, 12,13,14, 15, 20,21 no 22. Ngamakhaya alikhulu namashumi amane ananye (1 041) achaphazelekileyo, iintsapho ezingamashumi amabini nantlanu (25) ashiyeke engena makhaya, izindlu ezingamashumi amathandathu anesibhozo (68) onzakele ngokupheleleyo, angamashumi asixhenxe nesibhozo (78) afumene isiqingatha somonakalo, kwachaphazeleka abantu abangamakhulu amahlanu namashumi asixhenxe anesibhozo (578),

Inkonzo yesipolisa ibike ukusweleka kwabantu abathathu (ababini batshone emanzini, omnye udilikelwe yindlu). E-Deepdale kwaward 22, kudilike indlu kwaze kwasweleka umntu wamnye. Umbiko uthi, imveku eneminyake emine, uSiphenathi Dzanibe, usweleke ngenxa yeengozi akazifumene emva kokuba kudilike indlu.

| Ward | Area | Number of households affected |
|---|---|---|
| Ward 7 | Mfulamhle | 1 |
| Ward 8 | Ngunjini, Driefontein | 10 |
| Ward 11 | James | 3 |
| Ward 12 | Machunwini, Rietvlei | 2 |
| Ward 13 | Teekloof, | 14 |
| Ward 14 | Siphahleni and Gugwini | 12 |
| Ward 15 | Summerfield,Ironlesh,Gcebeni, Bombo | 41 |
| Ward 20 | Blema, Thembeni, Thafeni, Strangers Rest, Washbank, Moyeni | 26 |
| Ward 22 | Khiliva, Deepdale, Makhaleni, KwaTshali, Mahobe, Farm, Matsheni, Mahlomane | 32 |
| **TOTAL** | | **141** |

## GREATER KOKSTAD MUNICIPALITY

Ngomhla wethoba noweshumi kwEyoMqungu 2024, i-GKM ifumene iimvula ezimandla kunye nezikhukhula ezenzeke eMphela kwaWard 8.

Izindlu ezingamashumi amane anambini (42) zifumene isiqingatha somonakalo ngamanzi angena kwizindlu zodaka nemikhukhu. Kuminze umntwana oneminyaka emithandathu ngomhla weshumi kwEyoMqungu, ngethuba ewela umfula Umzintlava kufutshane naseMphela. Iqela labahlanguli lase Port Shepstone liye labikelwa ukuze likhangele lenkwenkwana elahlekileyo.

| IWard | Indawo | Inani lamakhaya achaphazelekilyo |
|---|---|---|
| 09 | Mphela | 42 |
| **TOTAL** | | **42** |

## UNCEDO LOHLANGULO OKUNIKEZELWE NGALO

- 81 Iingubo
- 69 Iziponji
- 106 Amashiti ePlastiki
- 0 Izijumbana zokutya
- 6 Box B
- 2 Iintente

## ABAHLAWULI BEENKONZO ZIKAMASIPALA ABABANDAKANYEKAYO

- Iziko lolawulo lwezentleke kuMasipala wesiThili iHarry Gwala
- Oomasipala basekuhlaleni
- Isebe lamanzi leHGDM
- Iziko lolawulo lwezentleke kwiphondo
- Amasebe okuhlaliswa koluntu kwiphondo nakuzwelonke
- Ikonzo yesipolisa yoMzantsi Afrika (SAPS)
- SASSA
- Ooceba beewadi kunye namakomiti eewadi
- Isebe lezolimo nolawulo lwasemakhaya (DARD)
- Isebe lezothutho
- Isebe lezemfundo

Iqela lolawulo lwezentlekele loMasipala wesiThili kunye noomasipala basekuhlaleni liqhubeka nokuqaphela iindawo ezisengozini kakhulu. Umasipala wesiThili kunye nabasemakhaya basebenza ngokubambisana namacandelo kunye nabanye abahlawuli beenkonzo zikamasipala kwaye bame bume.

# ISIPHEHLI-MANZI ISUMMERFIELD KWISIGABA SESIBINI

Le projekthi ingaphantsi kukaWard 9, 17 no20 kumasipala wasekuhlaleni Umzimkhulu. Unokhontilakhi ochongiwe, uMsalela Transport CC, sele ekwisiza, uzakwenza umsebenzi wokuphucula iClear Water Rising Main kunye nedama lokugcina amanzi ayi3ML, kuMasipala wesiThili iHarry Gwala.

Le projekthi inikezelwe uMsalela Transport, ixabiso layo zizigidi ezingama R68 791 868.25 kuquka i-VAT nezimo ezingxamisekileyo. Le projekthi izakunceda iilali eziquka iClydesdale, Madakeni kunye neMathathane ngexesha lolwakhiwo.

Xa sele igqityiwe izakunceda nezinye iilali ezingamshumi amabini nanye, nanjengoko le projekthi inemibhobho emikhulu ehambisa amanzi kumaziko ogcino lwamanzi. Le projekthi izakunceda amakhaya angama 2 984.









**Isiza senkampu**



**Kufikiswa umbhobho oyi-355mm OPVC**



**Kwembiwa umzila wemibhobho, kulungiselelwa ukondlalwa kwayo**



**Kondlalwa imibhobho**





**Kondlalwa imibhobho, unokhontilakhi sele ondlele i486mm yombhobho oyi355mm, lo msebenzi wenziwe ngeentsuku ezinthathu ezilandelanayo**

**Imiceli mngeni: Ukungafumani imvume yokwakha ngethuba.**

# ISIPHEHLI-MANZI I-MAZIZINI WATER SUPPLY SCHEME



**Inkcazelo ngeprojethi:**
Injongo enkulu yaleprojekthi kukuqinisekisa ukuba uluntu lwaseMazizini, Malamula, Mandilini, Makholweni, Esperanza/Mariathal, Shezlom, KwaSibindi, KwaCheckers, kwaward 3 kumasipala uBuhlebezwe, luhlukana noxinzelelo lokuswela amanzi acocekileyo, athembekileyo nakwizinga elamkelekileyo. Oku kwenziwe ngokwakhiwa kweMazizini Water Supply Scheme, ngenkxaso mali yeDWS, ngaphantsi kwenkxaso yezakhiwo zeenkonzo zamanzi (WSIG). Ungenelelo lwenkxaso yezakhiwo zeenkonzo zamanzi izakulwa nemiceli mngeni yokunqongophala kwamanzi kuluntu ngenxa yale projekthi, ngokuphonononga, ukuhlola nokuxhobisa imithombo etsala amanzi ngaphantsi komhlaba, ukuzoba nokufakela iziphehli ezifanelekileyo, imizila yemibhobho kunye nokwandisa amatanki agcina amanzi, ngaphantsi kwexesha elisemthethweni lokugqitywa kweprojekthi leWSIG. Ingxelo yabantu ngama1 980 namakhaya angama 396, kubalwa ngokwabantu abahlanu kwikhaya ngalinye. Isimo somsebenzi: 89% yomsebenzi ogqityiweyo kwisivumelwano 1 & 2
**Iphondo:** KwaZulu-Natal
**Umasipala:** Harry Gwala DM
**Ingqesho:** 0
**Imisebenzi yeprojekthi yekhontilakhi:** 15
**Amakhaya axhamlileyo:** Awekho
**Amakhaya azakuxhamla:** 422
**Ixabiso leProjekthi:** R31 897 797,88
**Isabelo seProjethi:** R19 564 641,15 kuquka i-VAT (2023/2024 FY)

**Umsebenzi weProjekthi:**
- Ukwemba, ukuhlola nokufaka izixhobo zemithombo etsala amanzi ngaphantsi komhlaba esibhozo
- Ukufakelwa kwematshini eyi 20kl/hr;
- Ukwakhiwa kwe 17.2km rising mains nezixhobo zayo
- Ukwakhiwa kwetanki eligcina amanzi elingama 400kl nezixhobo zalo
- Ukwakhiwa nokuphuculwa kwe reticulation noompompi boluntu;

**Ixesha leProjekthi (isiqalo nesiphetho):**
**Ukuqala kokwakhiwa kweProjekthi:** 30th EyoKwindla 2023
**Usuku olubekiweyo lwesiphetho:** 30 EyeNkanga 2023
**Usuku olutsha lwesiphetho:** 31st EyoKwindla 2024
**Ukunikezelwa:** Akukanikezelwa
**Inkqubo yenkcitho:** R19 093 721,58 kuquka i-VAT
**Inkqubo yomsebenzi:** 98% inkcitho

# IINKCUKACHA ZONAKEKELO LWABATHENGI

**1. HARRY GWALA DISTRICT MUNICIPALITY CALL CENTRE (086 010 3651 / 060 570 693)**
Liziko leengcingo elisebenza iiyure ezingama24 ngosuku, iintsuku ezisixhenxe ngeveki, elibhala zonke izikhalazo zamanzi, ugutyulo lwelindle, uphazamiseko oluhleliwe nolungahlelwanga lwamanzi, imibhobho egqabhukileyo, izitamkoko ezigqabhukileyo kune nezibali mamani zamanzi ezonakeleyo. Iinjongo zeli ziko leengcingo kukusingatha zonke izikhalazo zabathengi ngokuphathelene neenkonzo zikamasipala, ukuqinisekisa ukuba ubuncinane i80% yezikhalazo ezifunyenwe kuqala ziyasonjululwa. Eliziko leengcingo lenzelwe abathengi/abahlali abanqwenela ukunxibelelana nomasipala ngomnxeba, nabathengi/abahlali abanqwenela ukudibana nomsebenzi ukuze baxoxe ngesikhalazo. U Facebook wenzelwe abathengi/abahlali abanqwenela ukunxibelelana nomasipala besebenzisa ikhasi loluntu lonxibelelwano. Ikhasi le Facebook liphethwe liqela lezonxibelelwano.

**2. ITHINI INOMBOLO YOMNXEBA YEZIKO LEENGCINGO? 0860103651 / 060570693**

**KUTHENI KUFANELE ABATHENGI/ULUNTU BASEBENZISE IZIKO LEENGCINGO?**
Kubalulekile ukukhuthaza abathengi/uluntu ukubika ingxaki ngokukhawuleza, ngokusebenzisa indlela elungileyo. Ukuxelwa kwamanzi agqabhukileyo, ukuxhuma umbane ngendlela engekho semthethweni, ukugqabhuka kwesitamkoko kunye nokonakaliswa kwezakhiwo zamanzi, kunika umasipala ithuba lokulungisa ingxaki, unciphise ilahleko nokunika iinkonzo ezilawulekayo kuluntu lwawo.

**IMIGUSHUZO YEZILUMKISO**
Unakekelo lwabathengi/ululntu lusungule inkqubo eqhubayo ejongene nezilumkiso kuluntu. Imigushuzo yoluntu yokulondoloza amanzi yenza isilumkiso kuzo zonke iindawo zoluntu, ngokubaluleka kokulondoloza amanzi ukuze lumelane nokunqongophala kwawo, luqinisekise ukugcinwa kwawo. Injongo kukutshintsha indlela abasebenzisa ngayo amanzi, kwanoku kuphucula indlela abawasebenzisa ngayo. Okuqulathwe, kunye nemixholo yale migushuzo, iyaphonononongwa ukuze kubonwe ukuba ikulungele na ukuhlangabezana nemiba ejongenge noluntu oluthile ngelo xesha. Okuqulathiwe kuquka, ukulondoza amanzi, impilo nococeko, ukonakaliswa kwezakhiwo zamanzi kunye nokugqabhuka kwezitamkoko.

**3. AMACEBO OKULONDOLOZA AMANZI**
- Lungisa oompompi abavuzayo usazise ngokukhawuleza;
- Ukuxhunywa kwamanzi nogutyulo lwelindle okungekho semthethweni;
- Sebenzisa i-"grey water." La ngamanzi asuka egumbini lakho lokupheka nelokuhlamba ongawasebenzisa kwigadi yakho;
- Khongozela amanzi emvula kuphahla lwakho ematankini okanye emigqomeni ukuze unkcenkceshele ngawo;
- Vala umpompi ngelixa usaxubha amazinyo akho, okanye ukhe amanzi ngekomityi.

# Umlawuli weenkonzo zamanzi unethemba lokuphucula uqokelelo lwezimali, uphuhliso lwezemisebenzi kunye namathuba emisebenzi

UMNU. Lindumusa Gwala sele eyinxalenye yoMasipala wesiThili iHarry Gwala, emva kokuqeshwa njengomphathi oyintloko kwicandelo leenkonzo zamanzi ngomhla wokuqala kwEyeNkanga 2023.

Unamava eminyaka engaphaya kwamashumi amabini nambini ayifumene kwimisebenzi yoluntu.

Sele esebenze kumasebe amathathu karhulumente.

UMnu. Gwala wapasa ibanga leshumi kwisikolo samabanga aphakamileyo iKwamathanda eMlazi.

Wenze izifundo ze-National Diploma kwizobu njiniyela kwiziko lemfundo ephakemeyo elalisaziwa ngeMangosuthu Technikon, waze wagqiba ngo2000.

UMnu. Gwala uxelenge kwisebe lezolimo nemicimbi yokusingqongileyo (Department of Agriculture and Environmental Affairs), ukusukela ngomnyaka wama2021 njenge-Industrial Technician.

Umsebenzi wakhe kweli sebe ibikukuncedisa kwezobunjineli kuzo zonke izakhiwo zezolimo, kuquka amadama agcina amanzi, imizila yamanzi, imizila yemibhobho okanye amapayipi, izixhobo zokunkcenkceshela, izakhiwo zogcino lomhlaba, imigwaqo kunye nezitamkoko.

Uqhubekile wenza izifundo zeB-Tech kwiCivil Engineering eDurban University of Technology waze wathweswa isidanga ngo2006.

UMnu. Gwala usebenze kwisebe lezolimo nemicimbi yokusingqongileyo iminyaka engaphaya kwesine, wade wanyuselwa kwisebe lemisebenzi yoluntu kuzwelonke (Department of Public Works).

UMnu. Gwala uqale ukusebenza kwisebe lemisebenzi yoluntu kuzwelonke njenge Control Industrial Technician kweyoKwindla ngonyaka ka2006 eThekwini, KZN.

Umsebenzi wakhe omkhulu kweli sebe ibikukuqwalasela ii-Industrial Technicians kwicandelo leenkonzo zeencaphephe kwi-ofisi yengingqi eThekwini (NDPW).

Uye wonyuselwa wasiwa kwi-ofisi yolawulo i-KZN Provincial Department of Public Works kweyoMqungu ngonyaka ka-2008. Ebesebenzela eMgungundlovu njengosekela mphathi kwiProgramme Management. Ubizo lwakhe lokusebenzela uluntu lwaseMzantsi Afrika luye lwakhomba uMnu. Gwala kuMasipala wesiThili i-O. R. Tambo (ORTDM) eMthatha, nalapho exelenge iminyaka emihlanu enguMphathi weeProjekthi ukusukela kweyoMsintsi ngonyaka ka- 2010.



UMnu. Lindumusa Gwala ongumphathi omkhulu omtsha weenkonzo zamanzi.

Ukusuka kwakhe e-ORTDM, uMnu. Gwala usebenze kuMasipala wesiThili i-Alfred Nzo, eMaXesibeni, njengoMphathi weeProjekthi ukusukela kwEyoMsintsi 2015 ukuya kwEyeCanzibe 2019.

Ngaphambi kokuxelenga kuMasipala wesiThili iHarry Gwala, uMnu. Gwala ebesebenza kuMasipala wasekuhlaleni iWinnie Madikizela-Mandela njengoMphathi omkhulu kwicandelo leenkonzo zobunjineli, ukusukela kweyeSilimela ngonyaka ka2019 ukuya kwEyoMsintsi 2023.

Ngalo lonke ixesha lokusebenza kukaMnu. Gwala kurhulumente, ebeqinisekisa ukuba inkxaso mali yokuhanjiswa kweenkonzo isetyenziswa ngokuse mthethweni kwaye ngexesha elibekiweyo.

Uyakonwabela ukubona uluntu luxhamla kwiinkqubo zeenkonzo ezingundoqo ezixhamlisa uluntu. UMnu. Gwala unolwazi oluphangaleleyo nakulawulo lweeProjekthi zophuhliso, uqoqosho kunye nezemisebenzi.

Njengomlawuli omkhulu weenkonzo zamanzi, uMnu. Gwala uthanda ukuba yinxalenye yokuhanjiswa kweenkonzo zamanzi okusulungekileyo, ukuqokelelwa okuphucukileyo kwengeniso kwezoqoqosho, uphuhliso nokuxhotyiswa kwezemisebenzi, ukukhula kwamathuba emisebenzi kunye nophuhliso lwezoqoqosho ekuhlaleni.

# UMphathiswa Khoza ukhuthaza ukuzibandakanya kwezoqoqosho ekuhlaleni






**Oosomashishini abakhasayo basetyini bathweswe izidanga zeBusiness Management Training Programme, ezakubanceda kumashishini abo. Bafumene izixhobo zokubancedisa kwisebe lophuhliso loluntu, ngokubambisana noSEDA.**

KWINTETHO ebisenziwa ngelixa kuthweswa abasetyhini abaphumelele kuqeqesho lolawulo lwamashishini e-Ixopo izidanga, isiThili iHarry Gwala, isebe laKwaZulu-Natal lophuhliso loluntu, umphathiswa uNkskz. Nonhlanhla Khoza, uxhase abasetyhini esithi mabawamkele amathuba kwaye badlale indima ebalulekileyo kwezoqoqosho ekuhlaleni. Umyalezo wakhe ugxininise ukuba bathabathe amathuba karhulumente okuxhasa ukuzibandakanya kwabasetyhini kwezoqoqosho, nokuba bahlala kwiindawo ezinjani kwiphondo.

Esenza intetho yakhe ngexesha lothweso zidanga kwiqela labasetyhini abafumene uqeqesho, umphathiswa Khoza uchaze ukubaluleka kokusukuma kwabasetyhini, kunoku bekwa emva. Le nkqubo iququzelelwe leli sebe kunye no-SEDA, ngeenjongo zokuphuhlisa abafuna ukuba ngoosomashishini ngezakhono nolwazi, ukuze baqale amashishini abo kwaye bakwazi ukuwalawula.

Umphathiswa Khoza ubonakalise ukoneliseka ngoqeqesho olunzulu abalufumeneyo, oluquka izifundo ezibalulekileyo zolawulo lweshishini, ucwangciso lwezimali, ezentengiso nokusebenza. “Sizimisele ukuphuhlisa bonke abasetyhini,” kuphawula umphathiswa. “Ngokuphuhlisa la manina, asitshintshi kuphela ubomi bawo, kodwa siphuhlisa uluntu lonke ngamathuba emisebenzi, ngaxeshanye sinyuse ezoqoqosho. Sifuna ukubona aba basetyhini betshintsha ubomi babo. Sibavulele amathuba, ngoku sifuna ukubabona bezigqatsa kwezoshishino, bathunge ii-uniform zabantwana zesikolo, amashiti ezibhedlela kunye namalaphu eenkonzo ekuhlaleni,” utshilo.

U Lillian Shezi Changwe, ongumxhamli kule nkqubo, uyincomile le nkxaso karhulumente, uthe: “Urhulumente uyitshintshile imibono yethu. Ngezi zakhono nenkxaso esizifumeneyo, indlela yethu ijonge empumelelweni njengoosomashishini, kwaye sizakufaka isandla kuluntu lwethu.”

Kulo msitho, umphathiswa Khoza unikezele ngeziqinisekiso kwizithwalandwe, wabanika izixhobo ezohlukeneyo zokuqala amashishini abo ohlukeneyo. Ezi zixhobo ezohlukeneyo, zizakubanceda ukuqala. baqhube amashishini abo ngempumelelo.

Umphathiswa Khoza unikezele ngeeKingstar Flat Machines ezintathu, oomatshini basemakhaya bokuthunga abathathu, iHeavy Duty Overlocker enye, iGravity Iron (bottle steam) enye, iTeflon Shoe enye, i-Ironing board enye, amalaphu amathathu eSishweshwe kunye neroll eziimitha ezingamashumi amahlanu zeThree Cats Blue, kwiqela ngalinye labasetyhini elifumene uqeqesho.

Umphathiswa Khoza uthe abasetyhini kufanele baxhasane kwaye baqhubeke nokuphucula iimpilo zabo. “Isebe lizakulandela emkhondweni wenu ukubona indlela eniqhuba ngayo, nokuninika uncedo ukuqinisekisa ukuba amashishini enu aqhuba kakuhle.” Usodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala, uceba Zamo Nxumalo uthe, kubalulekile ukuba oosomashishini, ngakumbi abasetyhini, baxhaswe.

Inkxaso mali engaphaya kwesigidi seerandi (R1 million) esuka kwisebe lophuhliso loluntu, ekuxhaswa ngayo abasetyhini kwisiThili iHarry Gwala, ibonisa ukuzimisela kwalo ukwakha isizwe esimanyeneyo nesifumileyo.

# UKWABIWA KOHLALO LWABIWO MALI OLUPHONONONGIWEYO LWAMA2023/2024

UHLAHLO lwabiwo mali lonyaka luhlolwe lwaze lwaphononongwa ngokuka S72 we-MFMA. Le ngxelo sisishwankathelo sohlahlo lwabiwo mali olupheleleyo, kwimiba evele kwinkqubo yophononongo yohlahlo lwabiwo mali. Iqhathanisa inkqubo yohlahlo lwabiwo mali nezicwangciso ezikwicebo lokuhanjiswa kweenkonzo, nokusungulwa kohlahlo lwabiwo mali.

Kugxininiswe kwimiba elandelayo kumalungiselelo ophononongo lohlahlo lwabiwo mali lwama2023/2024:

1. Uphononongo lwengeniso yemisebenzi eyohlukeneyo enjenge mali eyongezelelweyo kunye nentlawulo yeenkonzo;
2. Uphononongo lwenkcitho olunje ngeenkonzo zesivumelwano nenkcitho eqhelekileyo;
3. Impucuko okanye ukukhawuleziswa kwenkcitho kwiiprojekthi ezinkulu;
4. Umasipala kufanele aqinisekise ukuba ufumana inkxaso yophononongo lohlahlo lwabiwo mali.

**Ingeniso ephononongiweyo**


Iyonke imali yohlahlo lwabiwo mali eliphononongiweyo zizigidi ezingama R912,6 ukusuka kuhlalo mali lakuqala elizizigidi ezingama R909,6.

Le ngeniso isuka kwiinkxaso zikarhulumente (MIG, WSIG & Equitable Share) kunye neentlawulo zeenkonzo zamanzi nogutyulo lwelindle. Le ngeniso ephononongiweyo zizigidi ezingama R2,9. Isabelo senkcitho nohlahlo lwabiwo mali olupheleleyo sime ngolu hlobo:

**ISABELO SENGENISO**

| | UHLAHLO LWANGAPHAMBILI | OLUPHONONONGIWEYO | UMOHLUKO |
|---|---|---|---|
| **Iinkxaso mali ezisebenzayo** | R 493 839 885 | R 479 090 050 | -R 14 749 835 |
| **Iinkxaso ezinkulu** | R 321 352 114 | R 330 761 529 | R 9 409 415 |
| **Ingeniso yomasipala** | R 94 491 861 | R 102 784 525 | R 8 292 664 |
| **IYONKE** | **R 909 683 860** | **R 912 636 104** | **R 2 952 244** |

**UHLOBO LWENGENISO NGOKWESINGATHA EKHULWINI**



# U-Masipala wesiThili iHarry Gwala kunye noomasipala bawo basekuhleleni basungula i- LGBTQIA+




**Singabantu sonke kwaye kufuneka sihloniphane, nokuba sikhetha esiphi isini, kutsho usomlomo wesiThili iHarry Gwala, ngethuba kusungulwa i-LGBTQIA+ Forum e-Ixopo.**

UMASIPALA wesiThili iHarry Gwala ukhokhele ukusungulwa kwe LGBTQIA+ Forum nebibanjelwe kwiziko lezentlekele e-Ixopo kutshanje.

Lo msitho ubuzinyaswe bubukho babalawuli besiThili kunye naboomasipala basekuhlaleni, iDr. Nkosazana Dlamini-Zuma, uBuhlebezwe, uMzimkhulu kunye neGreater Kokstad, kwakunye nequmrhu lephondo i- LGBTQIA+ Forum.

I-LGBTQIA+ Forum ibaluleke kakhulu ngokuba izakunika ingxelo ngobuni bamalungu ukuze kungabikho kubandlululwa. Eli qonga lizakufundisa abantu ukwamkela nokukhuthaza iinkqubo neenkonzo kuluntu.

Esenza intetho yakhe uSomlomo wesiThili, uceba Sibongiseni Mdunge, unike inkxaso waze wancoma igqiza elitsha le-LGBTQIA+ Forum, wabakhuthaza ukuba basebenze ngokuzimisela ukuqinisekisa ukuba isizwe se-LGBTQIA+ sifumana uncedo esiludingayo. “Uxanduva lwakho njengenkokheli kukukhokhela isizwe se-LGBTQIA+, ubenze bazingce ngobuni babo, kwanokulwa nokuxhatshwa kwesizwe se-LGBTQIA+, ngoba singu rhulumente wentando yesininzi, olawulwa ngumgaqo siseko othi wonke umntu unelungelo lokuphila,” kutsho uSomlomo.

Uceba Mdunge uqhube wathi: “IsiThili iHarry Gwala siyanixhasa kwaye sizaku qinisekisa ukuba sifundisa uluntu lwethu nge-LGBTQIA+.”

U-Somlomo wesiThili uthembise ukuba isiThili sizakuncedisa ngenkxaso kunye neenkqubo zezilumkiso ukuphuhlisa i-LGBTQIA+ Forum, nanjengoko oku kuyinxalenye yokuhanjiswa kweenkonzo kuluntu.

IsiThili sizakunxibelelana neForum yendlu yaMakhosi, eyamanina kunye neyamadoda ukuze bamkele leForum entsha kwisiThili. “Siyi-LGBTQIA+ kufuneka siqinisekise ukuba eliqumrhu lethu liyasebenza kwaye liya phumelela, nanjengoko sonke singabantu, ngaphaya kwe-LGBTQIA+, apho kukhona uthando indlela ikhona,” kutsho obemele iphondo uMnu. Syabonga Khumalo.

Usihlalo omtsha otyunjiweyo we-LGBTQIA+ Formum wenze umbulelo ongazenzisiyo kwiqela laseHarry Gwala, olwenze lo msitho waba yimpumelelo, lakhuthaza i- LGBTQIA+ Forum ukuba ibe noxolo kwaye banikane uthando.

Nanka amalungu atyunjiweyo:

- uSihlalo - Bongeka Malamulela waseMzimkhulu
- uSekela Sihlalo - Andile Kheswa wase NDZ
- uNobhala - Fika Khumalo wase NDZ
- uSekela Sihlalo - Thobeka Ngcobo waseKokstad
- uNondyebo - Andy Heslop naye ngowaseMzimkhulu)

Amalungu ngozelelweyo weForum ngu Thandeka Ngcobo, Londi Ngcobo no-Ayanda Mahlamvu.

# Kwakhiwa indlela exabisa izigidi kwiphulo lokuphucula ezoqoqosho ezilalini








**Isebe lezothutho linekezele ngonoKhontilakhi uzakwakha Up419 ngaphantsi kweDr. Nkosazana Dlamini-Zuma Local Municipality, neP417 kuMzimkhulu Local Municipality. Umphathiswa wezothutho uSipho Hlomuka uthe, bayimamele iminqweno yoluntu kwaye befezekisa izithembiso zabo. Ukwakhiwa kwele migwazo kuzaku qinisekisa amathuba emisebenzi kuluntu.**

UMPHATHISWA wezokuthutha, ukhuseleko loluntu kunye noxhumano KwaZulu-Natal, uSipho Hlomuka, kutshanje unikezele ngokusesikweni ngonokhontilakhi kuluntu lwaseBulwer, ozakuqalisa ngolwakhiwo lweP419.

Le projekthi iquka ukuphuculwa komgwaqo wobhuqu oziikhilomitha ezilishumi nanye osele ukhona, uzakufakelwa i-tar. Le ndlela encedisa uluntu lwasePholela, Bidla, Zashuke, Bethlehem, Esphahleni, Etafuleni, kunye naseNkwezela kwaWards 9 no12. Le ndlela iya eMandlezizwe, Bhidla, Lubovana, Luhana, Zashuke, Siphahleni, Mphephetha, Siqhoza, Dingeka, Mzwendaba, Pholela Special, Bhambatha, kwizikolo zaseNkwezela, ihamba ngqo kwiindlela zesiThili kunye nezasekuhlaleni. Iziko lezempilo lasePholela liyafikeleleka xa usuka kuP419. Le projekthi izakudala amathuba emisebenzi kubahlali, izakunika amathuba koonokhontilakhi abakhasayo ngenxa ye-Contractor Paricipation Goals.

Le ndlela inqamla ukusuka kuR617 ukusuka emantla ukuya kuR617 emazantsi ukusingisa kwingingqi yasePietermaritzburg. Unokhintilakhi, uKPMM Roads and Earthworks (Pty) Ltd, waziswe ngokusesikweni kuluntu ngumphathiswa, okubonakalisa ukuqaliswa kwesigaba solwakhiwo.

Umphathiswa Hlomuka ebephelekwe lulawulo loMasipala wesiThili iHarry Gwala, bekhokhelwa ngusodolophu uCeba. Zamo Nxumalo, nosodolophu womasipala wasekuhlaleni iDr. Nkosazana Dlamini-Zuma, uCeba Sindisiwe Msomi, Amakhosi kunye nabahlawuli beenkonzo zamasebe ohlukeneyo.

Esenza intetho yakhe kulo msitho, usodolophu wesiThili uthe, unemincili njengoba kuzakwakhiwa lo mgwaqo ekukudala abahlali bewulindile, waze wacela abahlali ukuba baqinisekise ukuba bancedisa oonokhontilakhi kunye nesebe lezothutho, ukuqinisekisa ukuba akukho phazamiseko kusungulo lweprojekthi.

“Lo mgwaqo owakhiwa apha asokaHlomuka, asowesebe lezothutho, ngowenu ningabahlali, kungoko ndinibongoza ukuba niwukhusele, niqinisekise ukuba ulwakhiwo luhamba kakuhle ngaphandle kwamakhwiniba,” utshilo usodolophu Nxumalo.

Uphuculo lwesiqingatha sendlela enkulu uR419 luzakuxhasa ukukhulisa, nophuhliso kule ndawo, kwaye luzakukhuthaza ukukhula ngokuhlinzeka ngolwakhiwo olungcono lwezothutho. Le projekthi izakuncedisa ukulwa nentswela ngqesho nendlala kwiindawo ezikufutshane, nanjengoko abantu bezakufumana umsebenzi nezakhono ezongezelelweyo, ngakumbi ulutsha. Abahlali abaqeshiweyo xa kuqhutywa le projekthi bazakufumana uqeqesho.

I-Education Training Authority (CETA) umqeqeshi osemthethweni, uzakuphuhlisa izakhono zabo ukuze bakwazi nokufumana amathuba eminye imisebenzi.






**Kukhanyiswa amakhandlela nge-World Aids Day, ukukhumbula abachaphazelekayo sesi sifo nabathe balandulela eli ngenxa yezigulo ezihambisana nesi sifo.**

# IsiThili sisebenzisa ezemidlalo ukuthumela umyalezo wokupheliswa kweGBV

UMPHATHISWA wezothutho nokhuseleko loluntu KwaZulu-Natal, uSipho Hlomuka, usodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala, uCeba Zamo Nxumalo neenkokheli zemveli, basebenzise amandla ezemidlalo ngethuba bethabatha inxaxheba kusuku lwezemidlalo kutshanje, ukubhiyozela usuku iWorld Aids Day, nokuthumela umyalezo wokupheliswa kokuxhatshazwa ngokwesini, kwiphulo leentsuku ezilishumi nesithandathu zokulwa nokuxhatshazwa kwabasetyhini, ebelibanjelwe kumasipala wasekuhlaleni Umzimkhulu.

Usodolophu Nxumalo ugxininise ukuba, kusezandleni zomntu wonke kweli lizwe ukufaka isandla kwidabi eliqhubekayo lokuphelisa ukuxhatshazwa kwabasetyhini nabantwana.

Uqhube wathi, iinjongo zeliphulo ngokubandakanya ulutsha, yindlela yokukhuthaza ulutsha nabahlali abazibandakanya kwezesondo, ukwenza isigqibo esilungileyo xa bakhetha ukuzibandakanya kwezesondo, ngokuqala ngokusebenzisa idyasi yomkhwenyana ngendlela eyiyo ukulwa nokwanda kosuleleko yi-HIV.

Injongo yalo msitho kukufundisa nokukhuthaza izilumkiso kwimiba yokuxhatshazwa kwabasetyhini nabantwana, kunye neendlela ezincedisa ukutshatyalaliswa kokwanda kosuleleko yi-HIV ne-AIDS. Umphathiswa Hlomuka ukhokhele umngcelele wokulwa nokuxhatshazwa ngokwesini ozolileyo ngaphandle kweKhiliya Community Hall, ngaphambi kokuthetha noluntu lwakwa-Ward 22. Ukukhumbula iWorld Aids Day, kukhanyiswe amakhandlela ngelokukhumbula abo abachaphazelekayo kunye nabo abalishiya eli lizwe ngenxa yengulo ehambisana nesi sifo. Abahlali bafumene izipho eziphuma kweli sebe, eziquka oomatshini bokuthunga, izixhobo zezolimo kunye nezemidlalo.

# UNXAKANXAKA UPHINDE WAPHUMELELA KWIHARRY GWALA SUMMER CUP









**I-Harry Gwala Summer Cup ikhula minyaka yonke. Imidyarho iyaphucuka kwaye ukhuphiswano luba nzima. Bekungumsitho omhle nombejembeje obuzimaswe ngabahlali kunye neendwendwe.**

ISEBE lezemidlalo, ubugcisa nenkcubeko KwaZulu-Natal linike iwonga kuluntu lwasEmakhuzeni neendawo ezingqongileyo, ngase-Underberg, kunye nabo bonke abafake isandla kwimpumelelo yomsitho womdyarho wamahashe esintu, iHarry Gwala Summer Cup yalo nyaka ebisingathwe kutshanje.

Lo msitho, nobubanjelwe Edazini Horse Racing, ubuqulathe imidyarho elishumi – kuquka emibini yabasetyhini, umboniso weempahla kunye nomjuxuzo womculo wabaculi abaphume izandla basekuhlaleni.

Abantu abasuka kwiindawo ngeendawo bebegcwalise eli bala.

Lo msitho ubuququzelelwe lisebe, ngokubambisana neKZN Traditional Horse Racing Association, uMasipala wesiThili iHarry Gwala kunye nomasipala wasekuhlaleni iDr. Nkosazana Dlamini-Zuma, kwakunye nabanye abaxhasi.

Kumndyarho omkhulu weGrade 1, ihashe eliyintandokazi uNxakanxaka, lakwisiThili i-Amajuba, liye laphuma kwindawo yokuqala, lagoduka nebhaso lokuqala eliyiR20 000. Utshaba lwakhe uTroublemaker, osuka kwisiThili i-Amajuba naye, uphume kwindawo yesibini, kwindawo yesithathu kwaphuma Umdladlambe, osuka kwisiThili iKing Cetshwayo. U Nxakanxaka waphumelela kwi2022 Dundee July, kodwa kulo nyaka ophelileyo uphume kwindawo yesihlanu kwakulo mdyarho.

Okumangalisayo, inkweli kaNxakanxaka entsha uSphamandla Vilakazi, uthe uqale ukuzilolonga namahashe kwiintsuku ezimbalwa ngaphambi komdyarho.

"Kudala kungumnqweno wam ukuphumela kumdyaryo wamahashe. Ngoku ndinqwenela ukuzenzela igama kwi2024 Dundee July," kutsho uVilakazi enemincili.

Kwabasetyhini kuphumelele uMfeneziyazova, obekhwelwe nguNolwazi Thabethe, osuka kwisiThili iMgungundlovu, walandelwa lihashe eligama linguBig Nuz, elisuka eThekwini Metro, kwindawo yesithathu kwaphuma Inkinga, obekhwelwe nguNokubonga Gamede, osuka kwisiThili iZululand.

Amahashe aphumeleleyo kwimidyarho yonke ngalandelayo:
Race 1 Grade 7 - Ntombeziningi (R7000)
Race 2 Grade 6 - Covid (R7000)
Race 3 Grade 5 - MaThousand (R9000)
Race 4 Grade 4 - Dubula Mbayimbayi (R10 000)
Race 5 Grade 3 - Mfene Ziyavova (R10 000) - Ladies
Race 6 Grade 2 - Izinkulumo (R7000)
Race 7 Grade 3 - Umzinyathi (R12 000)
Race 8 Grade 2 - Impendulo (R15 000)
Race 9 Grade 2 - Nyazangoma (R15 000)
Race 10 Grade 1 - Nxakanxaka (R20 000)




# XHUMANA NATHI

Idilesi Yendawo:
**40 Main Street, Ixopo, 3276**

Idilesi yeposi:
**Private Bag X501, Ixopo, 3276**

**Umnxeba: (039) 834 8700**
**Ifeksi: (039) 834 1701**
**Ukuphathwa kwamakhasinde: 0860 103 651**

Harry Gwala District Municipality
@harrygwala
@harrygwala

**www.harrygwaladm.gov.za**